# *Imibuzo neeMpendulo*

# *AmaHebhere Isiqendu se-II*

Ndifuna ukuqala ndibulele ngamnye wenu obefumene umyalezo wo "kuthandazela umfazi." Ebegula kakhulu, kakhulu. Besingayazi ibiyintoni, kwaye asiyazi kwenzeke ntoni, kukuhlanza nje okumandla kwaye eneneni ebengekho zingqondweni, kunye nomkhuhlane malunga nekhulu elinesihlanu, kwafuneka simgcine ebhijelwe kwiingubo zomkhence. Ke…kodwa uphilile ngoku. Umkhuhlane umkile, kwaye uphilile.Ke ubuthakathaka kakhulu, uphulukene malunga neshumi lobunzima, ndiyaqikelela. Akakhange… Ngobu busuku uye waginya umthamo wakhe wokuqala kusukela ngeCawa. Kwaye ebegula kakhulu, kwaye siye sathemba iNkosi ngaye, kwaye Yona iye yamphumelisa. Ngoku sifuna ukunixelela ukuba niqhubeke nithandazela ukuba afumane amandla akhe.

304 Kwaye ngoku, ngale mpela veki, iNkosi ithandile, kufuneka ndiye eMiami. Umhlobo wam omdala, uMzalwana uBosworth, uya eKhayeni lakhe, kwaye uphantse abe likhulu leminyaka ubudala ngoku. Kwaye undibizile, wathi, "Mzalwana uBranham, yizakundibona kube kanye, ndifuna ukukuxelela into ethile phambi kokuba ndihambe." Waza wa…Kulungile, ndicinga ufuna ukundithandazela, kwaye nje ukubeka izandla zakhe kum phambi kokuba emke, uyayazi.

305 Kwaye ndi—ndiyathemba ukuba ndingaphelisa imihla yam ngesidima esifana no F.F. Bosworth. Kuwo onke amadoda endiwaziyo ehlabathini, yonke indoda endakhe ndahlangana nayo ehlabathini, andizange ndahlangana nendoda endakhe ndanqwenela kangoko ukufana nayo, njengo F.F. Bosworth; nje—njengomlungiseleli, oko ndikuthethayo. Andizange ndeva ngomntu omnye, kwihlabathi lonke, naphina, owakhe wenza intetha malunga no F.F. Bosworth kuphela koko ngokuchanekileyo yonke into "umKristu," kwaye yonke into "umzalwana wenene."

306 "Ukwahlukana kushiya ngasemva imizila yeenyawo kwiintlabathi zexesha." Ungumzalwana omangalisayo, kwaye mdala kakhulu ngoku, kufutshane nekhulu. Ke yena—yena nje uya eKhayeni, yilonto, kwaye undixelele. Ube eyazi uyanduluka, kwaye nje ebelindile. Uthe elona xesha limnandi lobomi bakhe likanye ngoku xana nje esalindile, kodwa wathi ubeya kuyazi ukuba ube enduluka.

307 Ndathi, "Ndifanele ndiye eMichagan ngale veki, Mzalwana uBosworth."

308 Waze wathi, "Kuhle, ungalibazisi, Mzalwana uBranham, Andinakunyamezela ixesha elide. Ndiba buthakathaka lonke ixesha."

309 Ke ebengumhlobo omkhulu kakhulu kum, ukuba ndingayi ezantsi. Ngoku, ukuba kufanele ndibhabhe ukwehla, ndiya—ndiyakubhabha ndibuyele emva ndize mhlawumbi ndibuyele okuncane ukwenzela ubusuku bangeCawa; ukuba akunjalo, kulungile, ngoko kuyakufuneka ndiqhube isithuthi, kwaye ingandithabatha ixesha elidana.

310 Kwaye mthandazeleni uMzalwana uBosworth. Thandazani nje ukuba uThixo. . .kwaye xana Yena ethabatha iqhawe elidala, okokuba Yena nje uyakuthumela inqwelo yokulwa yomlilo ize imchole inyuke naye, yabona. Ndiyamthanda, ube enjengotata kum.

311 Enye indoda endala. . .yona noMzalwana uSeward. Ndi—ndinokuba novelwano kubantu abadala, ndi—ndiyabathanda. Kwaye omdala uMzalwana uSeward, waya kulala ngolwahlobo, naye. Kakade, uMzalwana uSeward wayengekho kangako ubudala, andicingi njalo, njengoMzalwana uBosworth.

312 Kwaye mthandazeleni uMzalwana uBosworth. Ayintlanga yonke into kulandawo, kodwa iyi—iyi. . .Uyayidinga imithandazo yenu, kodwa hayi kangako ukwenzela okungelutho kodwa nje eyakhe. . .okokuba uThixo abe nokumndulula ngoxolo.

313 Ngoku. . .Kwaye ngoko sifuna ukukhumbula, kananjalo, okokuba ngomso, iNkosi ithandile, singcwaba omnye wezihlobo zethu apha ebandleni, uMzalwana uSol Coates. Ube elapha amaxesha amaninzi, usebenzile eposini iminyaka. Kwaye uye wafela ngaphaya kwiSibhedlela saMagqala ngobunye ubusuku. UMzalwana uCox kunye nam siye saya ngaphaya ukuya kumbona, kwaye ebene. . .esezantsi kakhulu. Kwaye undulukile ngoku, umKristu. Kwaye sizakumngcwabela ukusuka kwiKhaya labaNgcwabi lakwaCoots emva kwemini ngomso ngentsimbi yokuqala, uMzalwana uNeville kunye nam. Isithathu esiculayo sakwaNeville siyakube sicula; kwaye siyakwahlula iinkonzo, uMzalwana uNeville kunye nam. Oko kukuthi, bendingayazi xana besithe senza amalungiselelo nje yeyiphi, kwaye ngenxa kaMeda. Kwaye ke, ngoko, umngcwabo wakhe uyakuba semva kwemini ngomso ngentsimbi yokuqala, kwiKhaya labaNgcwabi lakwaCoots.

314 Kwaye ngoko, ngentsimbi yesibini, ngoLwesihlanu, uMnu. Wheeler. Simbize uPod Wheeler; yena uyi, ndilibele ngubani elilungileyo lakhe. . .Kwaye, niyayazi, ndi—ndiyibonile nje ephepheni ndaze andayazi ibingubani, ndade ndafumanisa. Wayengummelwana wethu iminyaka, kwaye—kwaye nje uswelekile. Waye elapha kanye phambi kwecawa, ngobunye ubusuku, kwaye ndandizama ukumenza aze ebandleni.

Ngobunye ubusuku, malunga neeveki ezintathu ezagqithayo, emile kanye phaya, kwaye ndizama nje ukumcenga ukuba aze ebandleni. Ngokuba, andicingi ukuba waya ebandleni okanye unalo naluphi uhlobo azibiza ngalo, noko kunjalo unenkwenkwe yomBhaptizi engumshumayeli. Kodwa akazange abe nanto azibiza ngayo ekwazini kwam, kwaye undulukile ngoku ukuya kuhlangana noThixo. Ke uyakuba semvakwemini ngoLwesihlanu ngentsimbi yesibini kwiKhaya labaNgcwabi lakwaCoots. Kwaye kananjalo, uMzalwana uNeville kunye nabo bayakucula, kunye nasemngcwabeni phaya.

315 Kwaye ke, ukuba nabani wenu ofuna ukubakhona ezinkonzweni, oko kungomso ngeyesibini, okanye, ngomso ngeyokuqala. Ndicinga injalo. Ayinjalo, mzalwana? Kwaye yeyesibini, enye yeyokuqala. Ingaba injalo? Ngeyesibini, kwiKhaya labaNgcwabi lakwaCoots.

316 Kwaye ngoku, kusasa ngeCawa . . . NgoMgqibelo iyakuba lusasazo. Kwaye uMzalwana uNeville mhlawumbi uyakunazisa, ngelolixa, nje oko . . . ukuba singaba nenkonzo yempiliso ukwenzela ubusuku bangeCawa, okanye leliphi ixesha esiyakubuya ngalo ukuba ndibhabhile ukwehlela e—eFlorida ukuya kubona uMzalwana uBosworth. Andiyazi nje ndiyakuphucuka njani nje kuye, ungonjalo ukuba ngothandekayo umhlobo. Kwaye mhlawumbi ixesha lethu lokugqibela lokuhlangana, ukuba iNkosi iyakuvumela, kulo mhlaba. Kwaye yena . . . Andiyazi nokuba ndingaphuncuka kuye kanye kwamsinyana okanye hayi; kwaye andifuni kumka kuye, kodwa, niyayazi injani, uba nezinye izinto ekufuneka uzenze.

317 Ngoku kukho intetho enye endingathanda ukuyitsho ngelixa kungekho abaninzi, kunye nabantu abazizihlobo zam.

318 Ndiyavuya ukubona uDade Smith phaya. Ityeli lokuqala ndambonayo kwixesha elide. Unjani Dade Smith? Unyaka, bethu, ndiyakholwa ityeli lokugqibela ndikubona . . . [UDade Smith uyathetha—Mhl.] EBenton Harbor, ndiyathemba ukufika phaya ngelinye ixesha. Kulungile oko. Ndiyakholwa ityeli lokugqibela ndakubonayo, kwakusenkonzweni yomngcwabo eLouisville. Kwaye ndiyakhumbula Dade Smith kakuhle. Indlela thina . . . ndandiqhele ukuza ndimthathe ngesigadla xana besisaya kuya ezantsi ebandleni. Ilahle elidala letela lijinga ngasemva kwaso kunye neefender ziphaxuzela, kwaye siyabanda; kwaye mna, elinye inyawo lihleli ngaphandle. Owu, bethu! Amanzi amaninzi agqithile ukwehla ngomlambo kusukela ngoko, Dade Smith. Ewe, mhlekazi. Kulungile, sibulela iNkosi ngezonkumbulo zixabisekileyo, kwaye futhi sisaYithanda.

319 Into enye, umntu othile angamangaliswa, ngobunye ubusuku . . . Bendithetha noMzalwana uFleeman phandle apha estratweni. Kwaye ngelinye ixesha omnye umntu wathi,

"Kwamsinya inkonzo igqithile, yintoni eyenza uMzalwana uBranham asuke amke kwaye ahambe?"

320 Nantsi into eyiyo, umfazi wam uyedwa. Yabona? Kwaye ukuba ndiya ndithethe, ndiyakuthetha isiqingatha sobusuku, kwaye nankuya, ehleli phaya yedwa ixesha elininzi. Kwaye eso sisizathu endikhawulezayo, ukubuyela kuye, niyabona, ngexesha lasebusuku; kuba ndiye ndithethe, ndithetha ixesha elide. Ndiyakuthetha ku*lona* isiqingatha seyure. Andikwazi nje ukugqitha ndithi, "Unjani *wena* ngobu busuku? Unjani *wena*? Unjani *wena*?" Andikwenzi oko. Ndiyema nje ndize ndithethe; kwaye umntu othile uyahamba athethe malunga nento ethile, kuze emva koko ndibe phaya iyure. Yabona? Kwaye kungenxa yoko, uhlala phaya aze alinde kunye nanjalo njalo. Kwaye kungenxa yoko injalo. Bendingafuni nje ukucinga ibingenxa yokokuba bendingafuni kuhlangana nabahlobo bam ndize ndixhawule izandla zabo, ndize ndivakalise ubudlelwana bethu kunye nanjalo njalo, kodwa ibisisizathu solwahlobo.

321 Ke, ngoku, wonke umntu makabe semthandazweni ukwenzela abagulayo nabaxhwalekileyo.

322 Kwaye uNkskz. Harvey ukuyo yonke la ngxaki, uya esiba ngophilayo. Ewe, mhlekazi. Kwaye andiboni . . . mna . . . Ngoku kungabakho, kangangokuba ndisazi, umntu othile, ugqirha apha. Kwaye ukuba ndiphosile ngapha kweliqonga, Thixo ndixolele. Kodwa ndiyakholwa uThixo uyakubathwalisa uxanduva aboogqirha ngabakwenzileyo emfazini. Ndi—ndiyakholwa ekutyandweni, ndiyakholelwa emayezeni. Ngokuqinisekileyo, ndiyalikholelwa. Ndicinga uThixo uthumele bona apha ukuze basincede, nje into ekwanye njengoko Wathumela u-machenic ukwenzela iimoto kunye nanjalo njalo. Kodwa la mfazi mncinci, ugqirha umbeke emva, waza wathi, "Wayezele ngumhlaza, akukho nto ibinokwenziwa." Umama omncinci wemfumba yabantwana.

323 Ndehla ndaya kuye, ndaza ndazama ukucacisa kuye kungathini okuya ngomthandazo . . . Kwaye—kwaye usemtsha nje umfazi, malunga namashumi amabini anesihlanu. Kwaye indlela awathi uThixo waphilisa ngayo usana lakhe oluncinci, lubizwa "usana lommangaliso" ngaphaya kwisibhedlela sabantwana ngoku, kumkhuhlana wobuchopho. Kwaye enjalo ukubambi kakhulu imeko yo—yomfo omncinci eyayiyiyo, yaza iNkosi yayiphilisa kwangoko. Bona, oogqirha, ababanganakho ukuyiqonda. Ndehla ndaya kuNkskz. Harvey, ndaza ndathi, "Ngoku, Nkskz. Harvey, oogqirha bakuncamile?"

324 "Ewe, mhlekazi. Iyi . . . "

325 Kwaye umyeni wakhe wathi, "Ewe, akukho nto inokwenziwa, ugcwele ngokupheleleyo ngumhlaza."

326 Ndathi, "Kulungile, ngoku into esifuna ukuyenza, kukukholwa uThixo, okokuba uThixo uya—uyakuphilisa i . . .

uyakukuphilisa.” Ndaza ndathi, “Yenzeka njani, umhlaza ungangamki kwangoko; kodwa ukuba siyathandaza, ngoko ubomi bomhlaza buyemka. Ungagula okwexeshana noko, kwaye—kwaye” ndathi, “ungafunama isiqabu kwangoko.” Ndaza ndathi, “Kuze emva kweentsuku ezimbalwa ungagula kakhulu kunangaphambili.” Kodwa ndathi, “Ufanele ubeke ukholo lwakho ngokuchasene nomhlaza.” Ndathi, “Ukuba umhlaza uyaphila, wena uyafa. Ukuba umhlaza uyafa, wena uyaphila.” Ndaza ndathi, “Ngoku sizakuthandaza.”

327 Kwaye sathandaza, kunye nabo bonke ubungqina endithe ndabubona, uThixo wawuchukumisa umzimba womfazi. Kwaye kwangoko wabangcono, waya ngaphaya ukuya kubona umama, wahambela ubumelwana, (xana wayekobunjalo ububi) enganazintlungu. Kwaye ngoko emveni malunga neentsuku ezintathu waqalisa ukugula kwakhona.

328 Kwaze emva koko kwafumaniseka ukuba isixeko sitshilo ukuba baya “kuhlawula ityala likagqirha, ukuba oogqirha bayakuyityanda.”

329 Kwaye ngoku ukuba andilungisanga, uThixo andixolele. Kodwa bathabatha lamama usemtsha, benza “isilwanyana sokulingela” ngaye. Bamthabathela phaya, baza bakhupha amathumbu akhe esiswini sakhe, nayo yonke into. Bathabatha macala isinyi ekusebenzeni kwamathumbu, baza bawatyhalela emacaleni. Kwaye wayesetafileni yokutyanda iiyure ezilithoba kunye nento ethile. Umongikazi wathi, “Ibikhangeleka okwendawo yokuxhelela, apho balahlela imiphakathi yakhe ukusuka kwindawo ukuya kwindawo, baza bafaka isiyilelo-maqanda seplastiki kunye nemibhobho yeplastiki.” Oko kucacile, kodwa oko yinyani. Kwaye amathumbu eplastiki kunye nezinto ezinjengeziya, baza bamshiya umfazi elele kulangxaki. Ndathi, endleleni yam yokuyicinga, bona oogqirha banetyala lokubulala.

330 Wabaxelela, wathi, “UMzalwana uBranham undithandazele.” Ndaza ndathi, “Sizakukukholelwa ukuba umhlaza wethu u . . . okokuba umhlaza ufile.”

331 Wathi, “Ndineendaba zakho, ‘Umhlaza wakho uyaphila.’”

332 Angayixela njani? Wawungaphakathi, akukho x-reyi inokuwuxela. Umhlaza uyi . . . Akunakuxela umhlaza nge x-reyi, yinyama ngokwayo, akunakuyibona. Inye kuphela into yokwenza, kukuyinqunqa emfazini uze uyisike ibe ngamasuntswana. Yilonto.Ngoku ukuba ibingumfazi osemncinci, bendiyakumyeka nje avavanye ukholo lakhe ngakuThixo endaweni yokwenza i “silwanyana sokulingela” kumntu onjeya. Ngoku ukuba a—andilungisanga, ukuba ndi—ndinejongo engalunganga, ndifuna uThixo andixolele, niyabona. Kuba andifuni nicinge ukuba andikholelwa ekutyandweni okanye andikholelwa koogqirha nakwizinto. Konke kulungile.

Kodwa ndicinga nifanele nazi oko nikwenzayo ngaphambi kokomba emntwini, hayi ukubasebenzisa nje ukufunda ngolwahlobo. Injalo. Kwaye ngoku, kakade, akanakuphila. Yilonto. Ukuba uyaphila, ngokuqinisekileyo iyakuba ngomnye wemikhulu imimangaliso eyakhe yenzeka. Xana umfazi wajonga ezantsi waza wabona amathumbu akhe kwelinye icala, kunye nezintso zakhe kufanele zisebenze kwelinye icala, wasuka nje wasweleka *ngolu* hlobo, wasweleka . . . Kutheni, yayingeyonto . . . usizi lwento encinci yayimkile. Kwaye nje malunga namashumi amabini anesibini okanye amashumi amabini anesihlanu eminyaka ubudala umama onesithathu okanye isine sabantwana abancinci amele ukubakhulisa. Eyona nto ilusizi endakhe ndayiva ebomini bam. Ndathi, "Kwindlela yam yokuyicinga, ugqirha unetyala ngo . . ." Ukuba uye wathabatha lamfazi ukwenzela ukufunda ngokuba isixeko sasizakuhlawula ngalonto, ngoko oko akulunganga, ibingafanelanga kuvunyelwa.

333 [Indoda ibuza ukuba uThixo angambuyisela umfazi—Mhl.] Kulungile, ndiyakuxelela, mzalwana, yona ayinakungenzeki. Kwaye yona—yona ayi . . . Yona—yona inokwenzeka, kwaye kananjalo mhlawumbi. Ngokuba ndazi indoda eyayisuke ingalo, eCalifornia (nonke niyayilandela ngokwenu ephepheni), yathandazelwa, kwaye *le* ngalo yayisukile *apha*, seleyagqiba ukukhulu ukwehla de iminwe yaphuma kuyo ngoku; ukuyakuphuma kwingqiniba, ukuya kuphuma kwisihlahla, ukuya kuphuma esandleni, kunye neendawo ekudibaneni kweminwe nesandla zazibuyele eminweni, niyabona. Yona ikwi, ndiyakholwa, i*Herald of Faith* qho ngenyanga. Nkqu naxana ikhuphe izandla zayo ngokufana *noku*, ibonise apho ingalo yayo yayisukile, apho ithe yakhula khona. Qho ngenyanga indlela evele ngayo, namalunga nonyaka.

334 [Indoda iyathetha kwakhona—Mhl.] Ngokuqinisekileyo, injalo lonto. Ndiyakholwa . . . I—i—iyinto enqabileyo, yabona, iyinto enqabe kakhulu. Kanye ethubeni ndakhe ndeva ngayo. Ngoku, kunye noMzalwana uBosworth, wathandazela umfazi ngobunye ubusuku. Kwaye ndandinomnye emhlanganweni wam. Kodwa uMzalwana uBosworth kwaba ngoko nangoko; owam wathabatha ithuba elidana lokuba yona yenzeke.

335 Wathandazela umfazi . . . Ngoku, ndibufundile ubungqina bomfazi. Wayenomhlaza, engenampumlo; yatya impumlo yakhe yasuka. Kwaye ngentsasa elandelayo umfazi wayenempumlo. Ngoku, ndiyakwazi oku . . . Ngoku, lowo nguMzalwana uBosworth, encwadini yakhe ebizwa u*Kristu UMphilisi*, Ndiyakholwa, okanye, *Umzisi Vuyo*, enye. Ngoku, bubungqina bomfazi, negama lakhe nedilesi. Kwaye wenza abamelwana bakhe noogqirha nayo yonke into engenye ukubonakalisa bona, bokuba yenzekile.

336 Ngoku, eLittle Rock, Arkansas, ngobunye ubusuku

egumbini, ndathandaza phaya...hayi eLittle Rock, kodwa eJonesboro. Okokuba bendiyakuthandaza...Ndathi, "Ndizakuhlala de ndithandazele umntu wokugqibela." Ndandineentsuku ezisibhozo kunye nobusuku eqongeni, yabona. Kwaye ngoko...kwaye egumbini kwakukho umfazi owezayo, wayenetshefu phezulu ngokufana *noku*, ndaza ndacinga wayelila. Ndaza ndathi...owu, ndiyaqikelela yayiyeyesibini okanye eyesithathu intsimbi kusasa, Ndathi, "Musa ukulila, dade, uThixo nguMphilisi."

337 Wathi, "Andilili, Mzalwana uBranham." Wayisusa; wayengenampumlo. Oogqirha babethe...Umhlaza wawugqibile ukutya ukwehla ukuya kwithambo elimhlophe kuye...lalibonakala. Ndaza ndamthandazela, ndaza ndacela iNkosi imphilise.

338 Kwaye malunga nezine okanye ezintlanu iiveki ukusukela ngoko, ndandiseTexarkana. Kwaye phaya yayilinene elinxibe kakuhle lihleli phaya, lathi, "Ndingaba nelizwi nje, Mzalwana uBranham?"

339 Kwamsinya njengoko waphakama waya eqongeni, omnye wabancedisi wazama ukumthulisa. Ndathi, "Kulungile, masibone."

340 Lathi, "Uyamqonda lomfazi usemtsha?"

341 Ndathi, "Hayi, andimqondi."

342 Wathi umfazi, "Ukuba ujonga kulo mfanekiso ubuyakuwuqonda." Kwaye waye engumtshabalalisi e—eTexarkana, kwaye lowa yayingumama wakhe enempumlo entsha ikhulile, ibunjwe nje ngokufana nenye.

343 Ngoku oko kubonisa ukuba uThixo...Ndiyibonile isenzeka. Ngoku, uThixo angakwenzela omncinci uNkskz. Harvey oko. Kwaye ndiyathandaza ukuba Uyayenza, kuba usizi lwento encinci lifuna ukuphila.

344 Mzalwana uTony, ingaba ubunento ethile?

[UMzalwana uTony unika ingxelo ngempiliso—Mhl.] Injalo lonto.

Amen. Amen. Yebo, ilungile lonto, nayo. Ewe, ngokuqinisekileyo Uyakuyenza, Yena nguMphilisi.

[Umzalwana uthetha kuMzalwana uBranham—Mhl.] Ewe. Ewe. Ewe, mzalwana. Amen. Ngokuqinisekileyo. Ehe.

345 Bendiyakuqiniseka...Ke, bendiyakuthemba ukuba uThixo uyakuyibuyisela kuwe, nyana, ungayithabatha uze umbonise. Oko kunjalo ngokuchanekileyo. Yenzelwe ubungqina kuzuko lukaThixo, thandaza ukuba uThixo uyakuyenza. Owu, Yena—Yena...Ukuba Yena nguThixo uSomandla, Angenza zonke izinto. Ukuba Akanakuzenza, zonke izinto, akaNguye uThixo uSomandla.

346 Kukho into ethile eyasenza thina oko sikuko, kwindlela esiyiyo, okanye besiyakuba ne—nentloko njengentaka, okanye into ethile enjeya, ukuba bekungekho Gcisa ngasemva kwethu ukwenza ngamnye wethu abe nokumila, ukwenza umthi wom oki, umthi wompampiri, umthi wesundu, kunye—kunye nokwahlula phakathi kwayo oko—oko ikuko. Ukusenza thina hayi nge. . . abanye babenoboya, kunye nabanye babeneentsiba, kunye nabanye babeneemfele, okokuba u . . . Yabona, li—liNgcisa emveni kokuya, o—olawula okuya. Kakade Yena ubambe zonke izinto ezandleni Zakhe. Kwaye ndiyayazi Yena angenza zonke izinto. Kwaye siyakuyithandazela, siyakuthandaza.

347 [Umzalwana uthethe kuMzalwana uBranham—Mhl.] Injalo. Sine . . .

348 [UDade uSnyder uthi, "Mzalwana uBilly, uxolo."—Mhl.] Ewe, mama, konke kulungile, qhubeka. [UDade uSnyder uyaxela waphiliswa xana uMzalwana uBranham wamthandazela ngeCawa egqithileyo.] Amen. Niyayazi, bendizama ukucinga, Dade Snyder, ngelinye ixesha xana ndandimile apha kula ntambiso, ndacinga . . . Ndamxelela uMzalwana uCox, ndathi, "andiyikuzama nokuzama nanye yaloomihlangano yocalulo ezantsi emnqubeni." Owu, aniyazi indlela umtyholi enza ngokukhohlisa ngayo, dade. Indlela—indlela ayenza ngayo! Niyayazi, endixelela malunga noku kucalula.

349 Kwaye apha, kwenzekile ndafumanisa ukuba udade kaNkskz. Wood apha . . . Andizange ndabona namnye kubantu babo. Igquba labo babephilisiwe ngela xesha, kwaye wonke umntu . . . Kutheni, niyayazi, yipesenti enkulu yabo bantu abathi baphiliswa. Kwaye emva kwe . . . Into engaqhelekanga ngoku: udade wabo, Ndikhe ndatya isopholo kunye naye ngobunye ubusuku, malunga neeveki ezimbini phambi kokuya, . . . Owu, isezantsi kude ezintabeni zaseKentucky, kwaye nje ndi—ndiyayazi wayenelizwi elifana noNkskz. Wood, kwaye kwakungakhanyi kakhulu egumbini. Kwaye andizange ndamgqala kakade, ndandi, thetha kakhulu nomyeni wakhe, walungisa isopholo. Kwaye saphuma saza sahlala phantsi satya; saza sabuyela ngaphakathi, ndathetha nomyeni wakhe, ndaphakama ndaphuma. Kwaye uThixo OnguMgwebi othembekileyo wam uyayazi (ndimile epulpitini) andizange ndamqonda la mfazi.

350 Kwaze emva koko emveni kwenkonzo yempiliso yayiphelile, ndenza ubizo lwesiguqo ukwenzela aboni ukuba baguquke. Kwaye wayenekratshi kakhulu ngokuchasene naWo; kwaye waguquka waza wanikela ubomi bakhe kuKristu, waphakamisa isandla sakhe sokuba uyakunikezela ubomi bakhe kuKristu, kwaye wayelila. Emveni kwayo yonke intambiso igqibile, ekwenzeni ubizo lwesiguqo sam, kunye nanjalo njalo. Kwaze emva koko kwenzeka ndiphethuke, kwaye apha

yayingumbona, ndaza ndabona umntwakwabo; owayengudade, lona yayingudade wabo, kunye nabo kunye.

351 Ndaza ndacinga yayingumfazi kaCharlie, ngokuba ndandimazi ehleli etafileni ngenye imini, ezantsi phaya e—endlwini kaCharlie. . . Umfazi wakhe omncinci, into encikana, iNkosi yandibonisa ingxaki awathe waba nayo. Kwaye kusukela kula yure, iNkosi yachukumisa umzimba wakhe, ehleli phaya etafileni ngoku. Tony, apho sasikhona, ezantsi phaya, saya kuzingela oonomatse. Kwaye iNkosi yachukumisa umzimba wakhe yaza yathabatha lento wayenayo yokuba anxibe yonke i. . . bonke ubomi bakhe, yasuka kuye; nje ehleli phaya. Kwaye umfazi omcinci wasoloko etyela kude kakhulu ekupheleni kwetafile, kodwa namhlanje, uzile wasondela, waza wasusa wasondeza isitulo sakhe, waza watyela ecaleni kwam. Zange ayazi into awayeyenza. Umyeni wakhe ehleli *ngolu* hlobo, kwaye uMzalwana uBanks ehleli phaya, kwaye thina sithetha. Kwaye washukuma, waza wathabatha isitulo sakhe, waza wasibeka ngapha ecaleni kwam. Kwaye ibe ingokwesizathu, iNkosi yabonisa umbono kanye phaya. Kwaye ndabiza umyeni wakhe, ngokuba yayiyingxaki yamanenekazi, ndaqalisa ukumxelela malunga nokwenzekileyo. Wathi, "Mzalwana uBranham, leyo yindlela kanye eyenzekileyo ngayo, kanye ngolwa hlobo." Kwaye phaya wamxelela, yaza iNkosi yamphilisa. Kulungile.

352 Kwaze emva koko emva kokuba inkonzo iphelile ngobunye ubusuku, kwaye lo dade, ndimbonile lo Charles usemtsha kunye nalo mfazi bekunye. Ndacinga, "Lowa kumele ukuba ngumfazi wakhe; kodwa umfazi wakhe ugwangqa, kwaye lona ngontloko imnyama umfazi." Kwaye kwenzeka ndiqaphele umbono usiya ngaphaya ekoneni ngapha. Kwaye wayehleli phaya esula amehlo akhe kwaye iNkosi yabonisa umbono emveni kokuba waye. . . ubizo lwesiguqo. . . emveni komhlangano womthandazo wawuphelile, impiliso yabagulayo, kunye nobizo lwesiguqo lwalwenziwe, kwaye uThixo walinda de aguquke aze anikele ubomi bakhe kuYe kwaye emveni koko wajika waza wamphilisa. Kwaye yena une. . . iingxaki zakhe zimenze wadumba iminyaka. Kwaye wehla kakhulu, kunye nento yonke, de nkqu neenyawo zakhe zashwabana apho konke kube kugqithile kuye (ityhefu) emzimbeni wakhe. Uziva ngcono kunokuba wakhe waziva kwiminyaka, yabona. Kwaye indlela iNkosi ngobabalo Lwayo olumangalisayo iyakwenza okuya! Ndicinga oko kumalunga nebali; akunjalo, Dade Wood? Kunye nendlela Ayenza ngayo! Emveni. . . Uthini? [UDade uWood uthi, "Uphulukene nesixhenxe sobunzima kwiveki ephelileyo."—Mhl.] Isixhenxe sobunzima ngeveki. Owu, Yena nguThixo, akanguYe?

353 Ngoku, ndiyakuxelela, isizathu endithe kuMzalwana uNeville. . . Bendicinga mhlawumbi ube enomyalezo wobu

busuku. Wathi, "Hayi," akanawo. Kwaye ndinemibuzo embalwa apha ebishiyekile, Ndizive ndibophelelekile ukuba ndihle ndize apha kwaye ndiphendule le mibuzo. Emva koko ndinemibini okanye emithathu ngaphezulu mhlawumbi endingayi kubanakho ukuyifumana ngobu busuku.

354 Ndifuna ukunibonisa eminye ebe ingenisiwe isuka kumshumayeli. UMzalwana uNeville nje, okanye, uBeeler usandula kuyizisa kum. [UMzalwana uBranham uphendula imibuzo elandelayo esibhozo kwiSiqendu se-III, njengoko umbuzo wama-67 ukuya ku 74—Mhl.]

**Yintoni amatye ayimeleyo kwiSityhilelo 21:19 naku-20?**

**Cacisa izilo ezine zeSityhilelo 5 . . .** Uthetha 6; ayisoSityhilelo 5, si-6, ndiyacinga.

**Kwaye ngobani lamadoda makhulu angamashumi amabini anesine**?

**Yintoni usinga olubomvu eliluthethayo kwiGenesis 38?**

**Kuphi apho izipho kufanele zithunyelwe malunga nokufa kwamangqina amabini, iSityhilelo 11?**

**Bayakubaphi abangcwele emveni kolawulo lweminyaka eliwaka? Kwaye loluphi uhlobo lomzimba abayakuba nayo?**

**Siyakuzigweba njani iingelosi?**

**Ziba yintoni iinwele kwiingelosi zamaKorinte Okuqala?**

355 Ukuthetha malunga neminye elungileyo, leyo yeminye elungileyo. Mhlawumbi andiyi kuyifumana ngobu busuku, kodwa ukuba iNkosi ithandile, ndiyakuzama ukuyifumana kwixesha elilandelayo sisizela okuya.

356 Ndinelunge kakhulu apha ngobu busuku; ke nje siyakuthandaza ngoku size sicele iNkosi isincede, kwaye siyakuya ngqo kuyo okulandelayo, owu, amashumi amathathu anesihlanu, amashumi amane emizuzu.

357 Ngoku, Bawo waseZulwini osikelelekileyo, sinombulelo kuWe ngako konke othe Wena wasenzela kona. Kwaye, owu, imangalisa kakhulu indlela ubabalo Lwakho olufikelela ngayo ezantsi kuthi. Ndiyacinga ngoku, ngobunye ubusuku, kunye nelaqabane lam lincinci, owu, ligula kakhulu, kwaye Wena weza ekubonakaleni. Umkhuhlane wakhe waqalisa ukwaphuka kwangala yure, kwaye waphela ngokupheleleyo ngoku. Ndibulela Wena. Kwaye i . . . ndithandaza nje ukuba Wena uyakuba naye ngamnye ocele isicelo ngobu busuku. Kwaye sazi kancinci, de ize ekhayeni lethu, into othetha yona, umthandazo omcinci. Owu Thixo, intoni . . . okunjani—okunjani ukuba yinene othe Wena wakuko. Kula yure xana ugqirha ebeya kumka, aze athi, "Andiyazi, andizange ndabona nanye into eyenza ngokufana nayo," kuze emva koko iNkosi uYesu ingene ekubonakaleni.

358 Owu Thixo, Uyinene ngenene kuthi, kwaye sivuya kakhulu ngayo. Siyathandaza Usixolele zonke indlela zethu zobuvila, nendlela zethu zobuyatha. Kwaye, owu, sikhumbule nje, Nkosi, okokuba singabantu abayinyama kwihlabathi elimnyama, ihlabathi lobumnyama nesono nembudumbudu. Kwaye sijonge ngomkhusane, njengoko sinjalo, ogqubuthele ubuso bethu, kwaye sibona kuphela kwaye siyayazi njengoko sisenza ngokobuntu apha. Kodwa ngenye imini xana lamkhusane uphakanyisiwe, siyakukubona Wena ubuso ngobuso kwaye sazi njengoko sisaziwa. Leyo yimini esiyilangazelelayo.

359 Siyathandaza Bawo, ngoku, ukuba Uyakusinceda njengoko sizama ukwazisa abantu iLizwi likaThixo, ngokwezicelo zabo. Susa konke ukugula kuthi. Sidinga Wena, Nkosi. Kwaye siyathandaza ukuba Uyakusinika. Yenza iinceba Zakho zinikezwe thina, kuba siyicela eGameni likaYesu. Amen.

360 Ngoku, ekuphenduleni imibuzo, andinguye ongcono elizweni, niyayazi. Kodwa ndiyakuphendula nje ngokungcono kokwazi kwam.

361 Apha yayingomnye endathi ndaqala ngawo ngobunye ubusuku, kwaye kwafuneka ndime:

**60. "NgaMoya mnye sonke sabhaptizelwa emzimbeni kaKristu."** (Nonke niyakhumbula ukuba lowa yayingumbuzo endandikuwo. Ngoku oko kufumaneka, kakade, kumaKorinte Okuqala 12). . . **Ngexesha thina si . . . samkela uzalo olutsha, oku kuyenzeka. Iyi le . . . Ingaba olu luBhaptizo lukaMoya oyiNgcwele, okanye ingaba kukho ubhaptizo lwakamva, okanye ingaba luzaliso?**

362 Ngoku, kukho owenene umbuzo, kwaye singachitha lonke ixesha lethu kanye kulowa, kwaye ngobu busuku kunye nangomso ebusuku kunye nanjalo njalo. Iyakuquka . . . iyaku— iyakuthabatha kwaye ibophelele yonke iBhayibhile ihlangane. Sonke iSibhalo kufuneka sihlangane kakuhle kunye naso sonke esinye iSibhalo seBhayibhile.

363 Kodwa nje ekuzameni ukwenza yona nje ngokukhawuleza, icace njengoko ndisazi yenziwa njani, hayi; xana ukholwa kwiNkosi uYesu Kristu, ngoko unozalo olutsha. Xana ukholwa kwiNkosi, wamkela ingcinga entsha, ubomi obutsha, kodwa asiloBhaptizo lukaMoya oyiNgcwele. Yabona? Ufumana uzalo olutsha xana ukholwa, ufumana uBomi obunguNaphakade. Isisipho sikaThixo akunika sona ngobabalo oluzimele geqe ngokwamkela isipho athi uThixo akunike sona. "Lowo—lowo uwevayo aMazwi aM aze akholwe kuLowo waNdithumayo, unoBomi obunguNaphakade." UnoBomi banaphakade; olo luzalo olutsha, uguqukile, ithetha u "phendukile."

364 Kodwa uBhaptizo lukaMoya oyiNgcwele lukubeka emzimbeni kaKristu, ungeniswa kwizipho ukwenzela inkonzo. Ayikwenzi mKristu ungaphezulu, ikubeka nje emzimbeni

wezipho. Yabona? "Ngoku, ngaMoya mnye" (AmaKorinte Okuqala 12) "sonke sabhaptizelwa mzimbeni mnye. Ngoku," uthi uPawulos, "kukho izipho ezahlukileyo, kwaye emzimbeni zizipho zikamoya ezilithoba." Kwaye kulomzimba . . . Ufanele ubhaptizelwe emzimbeni ukuze ufumane esinye sezi zipho. Ziza kunye nomzimba.

365 Kodwa, ngoku, ekubeni noBomi obunguNaphakade nokuba ngumKristu, ungumKristu sukela ekukholweni kwakho. Ngoku, oko asikokukholwa ngokuzenzisa, oko kukukholwa ngokunyanisekileyo kwiNkosi uYesu kwaye ukumamkela Yena njengoMsindiso wakho; uzalwa ngokutsha kanye phaya, kwaye unoBomi obunguNaphakade. UThixo ungena kuwe.

366 Ngoku qaphela, uBomi obunguNaphakade; uYesu wathi, "Lowo uwevayo aMazwi aM aze akholelwe kuLowo owaNdithumayo, unoBomi obunguNaphakade, kwaye akezi emgwebeni kodwa udlulile ekufeni wangena eBomini." Usisidalwa esitsha ngoko. Ngoko uPawulos wahlangana nabanye babo bantu, phezulu kwiZenzo 19. Babenomshumayela phezulu phaya owayeligqwetha eliguqukileyo ogama lingu Apolo. Kwaye u-Apolo wayeyindoda enamandla eZibhalweni, kwaye wayeqonononondisa ngeZibhalo ukuba uYesu waye enguKristu. Yabona?

367 Ngoku qaphela. U-Apolo, ngeLizwi, wayeqonononondisa ngeLizwi. "Ukholo luza ngokuva, ukuva iLizwi. Lowo ulivayo iLizwi laM, aze akholelwe kuLowo waNdithumayo, unobomi banaphakade." Niyayifumana? U-Apolo, ngeLizwi, wayeqonononondisa. Kwaye lana yayingamaKristu, babengabalandeli, abafundi. Kwaye u-Apolo wayeqonononondisa ngeLizwi, ukuba uYesu waye enguKristu. Kwaye babenovuyo olukhulu kwaye balamkela iLizwi, noko besazi kuphela ubhaptizo lukaYohane.

368 Kwaye xana uPawolos wagqitha kumantla olwandle lwase Efese, wafumana aba bafundi, waza wathi, "Ingaba namamkela na uMoya oyiNgcwele *kusukela* nakholwayo?" Yabona?

369 Ngoku, xana nakholwa, uYesu wathi, "NinoBomi obunguNaphakade." Olo luzalo olutsha. Leyo yinguquko yakho, ukuguquka. Kodwa uBhaptizo lukaMoya oyiNgcwele ngamandla kaThixo okuba ubhaptizelwe kwaye uphantsi kwezi zibabalo zikamoya zilithoba zokuba zisebenze ngawe; njengo, ukushumayela, abavangeli, abapostile, abelusi, abaprofeti, . . . kunye nazo zonke izipho zomzimba ziza koku, xana ubhaptizelwe kulomzimba. Kwaye oko . . . ayikwenzi ongaphezulu umKristu, ikubeka nje ngokwendawo kwindawo yokuba ubengumoya olungiselelayo eBandleni loThixo ophilayo. Ngoku niyayifumana? Yabona?

370 Ngoku umbuzo nanku . . . Masiwuphendule nje ngamnye ngamnye, kukho imibuzo emithathu.

**"NgaMoya mnye sabhaptizelwa emzimbeni kaKristu."**

Injalo lonto, AmaKorinte Okuqala 12 ayakunikeza impendulo kokuya. Kulungile.

**Ngela xesha samkela uzalo olutsha, oku kuyenzeka na? Ingaba kunini?**

371 Oko koko bafuna ukukwazi, ewe . . . "NgaMoya mnye . . ." Hayi. Hayi. "NgaMoya mnye sonke sabhaptizelwa mzimbeni mnye." Yabona, oko akukho xana uzalo olutsha luqalisa, uzalo olutsha luqalisa xana u*kholelwa* kwiNkosi uYesu.

372 Ngoku jonga, akukho i . . . akukho nantoni enye . . . Ngoku phulaphula. Yintoni onokuyenza ngaphandle kokukholwa? Yintoni engaphezulu onokuyenza? Yintoni onokuyenza malunga nako okungaphezulu kunokuba nje uyikholelwe? Ndixelele into ibenye onokuyenza. Akukho nento enye onokuyenza engaphandle kokuYikholwa. Ngoku, ukuba nantoni isuka ngaphandle kokholo lwakho, ayisosenzo sakho, sisenzo sikaThixo. Ngoko ke . . .

373 Ngoku ukuba besikutshilo okuya xana u . . . Amaxesha amaninzi ndiyibonile, amaxesha amaninzi, abantu besamkela "ubungqina bokuqala bokuthetha ngeelwimi" njengoMoya oyiNgcwele. Kwaye ngamanye amaxesha ukushukumisa abantu, okanye ubampampathe, usithi, "Yitsho. Yitsho. Yitsho. Yitsho." Niyayazi, phindaphinda igama kwakhona nakwakhona, "Yitsho. Yitsho. Yitsho." Yabona, yinto ethile oyenzayo ngokwakho. Kwaye—kwaye—kwaye ayenzi . . . ayiyenzi . . . i—asiyonto. Ungafumana ukubhideka kweelwimi. Ungafumana e—ezininzi izinto, nemizwa. Kodwa ukuba nantoni isuka ngaphandle kokholo olulolwakho, ifanele ibe sisipho esiNgcwele sikaThixo esinikezwe kuwe. Yabona?

374 "Kwaye ngaMoya mnye sonke sabhaptizelwa mzimbeni mnye." Injalo lonto, yabona. UBhaptizo lukaMoya oyiNgcwele sisenzeko esahlukileyo kuzalo olutsha. Okunye luzalo, okunye lubhaptizo. Okunye kukuzisela uBomi obunguNaphakade, okunye kukunika amandla. Inikeza amandla kuBomi obunguNaphakade, yabona, ukuwasebenzisa. Ngoku niyayifumana? Kuhle. Kulungile.

375 Ngoku apha kokunye, kuza okwesibini, okungcono endithe ndabanako ngobuya kubusuku:

**61. Waye uphi uMoya kaYesu kwiintsuku ezintathu umzimba Wakhe wawusengcwabeni? Wawuphi uMoya Wakhe?**

376 Ngoku, umoya Wakhe, ukuba uyakulandela iZibhalo, . . . kulungile, singazisa nje iindawo ezininzi. Kodwa, andazi, ngubani oneBhayibhile? Mzalwana uStricker, unayo iBhayibhile? Kulungile. Mzalwana uNeville, unayo? Ndifumanele iiNdumiso 16:10. Kwaye ngubani omnye? Dade

uWood, uneBhayibhile apho? Kuhle, Mzalwana uStricker, (kulungile, nawuphi), ndifumanele iZenzo 2:27, iZenzo 2:27.

377 Kwaye ngoku, indawo yokuqala, xana uYesu wafayo... Xana usifa, umzimba wakho uyafa. Igama *ukufa* lithetha u "kwahlukaniswa," nje ukwahlukaniswa kwabakho obathandayo. Kodwa apha Watsho oku, kuNgcwele Yohane, isahluko se-11, "Lowo uwevayo..." Hayi...Ndixoleleni; oko kuNgcwele Yohane 5:24, "Lowo uwevayo amazwi aM unoBomi obunguNaphakade."

378 Wathi uYesu kuMarta, oweza kumhlangabeza Yena,... Wathi, "Ukuba Wena ubulapha, umntakwethu ngebe ebengafanga. Kodwa nangoku, nantoni na othi Wena uyicele kuThixo, uThixo uyakuyinikezela kuWe."

379 Wathi, "Ndiluvuko noBomi." Yabona? "Lowo ukholwayo kuM, nokuba ebefile, uyakuphila; kwaye nabani na ophilayo kwaye akholwe kuM, akasayi kufa."

380 Ngoku—ngoku, kukho inxalenye yethu engafiyo. Kwaye njengoko nje ndize ngomgca weZibhalo, yonke into enesiqalo inesiphelo. Zizinto ezingenasiqalo, ezingenasiphelo. Ngoko ke xana sisamkela uKristu, uThixo, siba ngoonyana neentombi zikaThixo, kwaye uBomi bethu abunasiphelo njengoko uBomi bukaThixo bungenasiphelo; sinoNaphakade.

381 Ngoku, igama *ixesha elide*, sibe sigqithile kuyo. Igama *ixesha elide* si "sithuba sexesha," ixesha elide *kwaye* (isihlomelo) ixesha elide. Kwaye sifumanisa apha ukuba ine—inesiphelo, nje ngokufana nako konke ukuva ubunzima, kwaye zonke izigulo, nayo yonke intsizi, nako konke ukohlwaywa, nesihogo ngokwaso sinesiphelo.

382 Kodwa uBomi obunguNaphakade abunasiphelo, kuba Abunasiqalo. Abunakufa ngokuba Abuzange bazalwa. Abunasiqalo samihla, Abunasiphelo saxesha. Ngoku, indlela ekuphela kwayo esinokuphila Naphakade, ingokwamkela into ethile enguNaphakade. Kwaye uThixo wayekho; phambi kokuba kwabakho nanye into, yayinguThixo. UThixo akazange abe nasiqalo okanye isiphelo.

383 Kwaye uThixo wayenguloMoya mkhulu. Simfanekisela Yena njenge—njengemibala esixhenxe yomnyama egubungela... Umnyama eneneni ubuyakugubungela umhlaba ukuba ubungabethanga umhlaba. Ngamanzi nje kwisangqa segophe lomhlaba, awenzayo. Kodwa, ngoku, njengoko uThixo enguNaphakade, kwaye WayengoGqibeleleyo: uthando olugqibeleleyo, uxolo olugqibeleleyo, uvuyo olugqibeleleyo, ukwanela okugqibeleleyo. Yonke loomimoya isixhenxe (njengoko sifika kwiSityhilelo), iyavela; yayisenza uThixo, yayikukugqibelela. Yonke into engenye ngaphandleni kokuya ibe iyinto ethe yagqwetheka ukusuka kokuya.

384 Ngoku indlela ekuphela kwayo esinokubuyela emva kwingqibelelo, kukubuyela emva ngako Okuya (ingqibelelo, leyo inguThixo). Ngoko siza kwingqibelelo, ngoko sinoBomi obunguNaphakade; ngaphandle kwesiphelo, okanye ngaphandle—ngaphandle kwayo nantoni, ibuBomi nje obunguNaphakade.

385 Ngoku uthetha ngomphefumlo...umoya. Kuba sibeka imizimba yethu phezu kwengcwaba labona bangcwele bethu, ukwenzela lomzimba. Kwaye umzimba...Indawo yokuqala, xana uThixo, uLogos owathi waphuma kuThixo...

386 Okanye, njengoko ndikhe ndagqitha kuyo, iKatolika iyibiza Yona, "ubunyana bukaThixo baNaphakade." Ntoleyo, njengoko bendikhe ndatsho ngaphambili, igama alenzi kwantsingiselo. Yabona, akunakubakho unyana onguNaphakade, ngokuba unyana kufanele abe nesiqalo. Kwaye ke uYesu wayenesiqalo, uThixo akanasiqalo. Yabona? Kodwa uNyana waye yi...hayi ubunyana baNaphakade, kodwa uNyana owayekunye noYise ekuqalekeni yayinguLogos owaphuma kuThixo.

387 Kwaye yayingumzimba welizwi likaThixo owaphumayo. Isimo sobuntu esasingenamehlo njengoko ubona; iliso elingcono. Sasingenazindlebe njengoko usiva, kodwa ukuva okungaphezulu kakhulu. Yabona, Yayingumzimba welizwi, owathi, wonke lo mnyama wazithobela ku—kumzimba welizwi. UMoses wawubona Wona xana Wona ugqitha ngeliwa ngolwa hlobo. Wabona indawo yangasemva, wathi, "Ukhangeleka njengendoda."

388 U-Abraham waMbona xana Wehla wangena enyameni yomntu waza watya ithole, wasela ubisi, watya ibhotolo. U-Abraham waMbona njengoko Wangenayo, waza emva koko wanyamala kanye ngoko kuwo. Siyafumanisa ukuba imizimba yethu yenziwe ngamalungu omhlaba alishumi elinesithandathu omhlaba, aye nje ahlangane. Kwaye uThixo uyawahlanganisa, aze afake iiNgelosi ezimbini kule mizimba; IiNgelosi ezema zaza zathetha. Kwaye iiNgelosi yayingamadoda kwenye...kwaye ngela xesha.

389 Ngoku qaphela, siyafumanisa ukuba, yayiNgubani uMelkitsedeke kuphela uThixo Ngokwakhe! Ibingenakuba ngomnye, kuba Waye enguKumkani weSalem leyo iyiYerusalem. Wayengenayise engena nina; wayengenakuba nguYesu, kuba Wayenoyise nonina. Wayengenasiqalo samihla, engenasiphelo sabomi; Mnye kuphela onako okuya, nguThixo. YayinguThixo ehleli apha kumzimba welizwi. Yabona? Qaphela, uKumkani weSalem.

390 Ngoku, uThixo waphila kuso isigaba, ngabantu Bakhe. YayinguThixo owayekuDavide, owamenza ahlale phezu kwentaba, kwaye njengokumkani owaliweyo, kwaye elila. La

Moya ukwamnye wabonakaliswa kuYesu uNyana kaDavide, Owaliwayo eYerusalem waza walila.

391 UYosefu, wathengiswa ngamaqhosha angamashumi amathathu esilivere, wathiywa ngabantakwabo, wathandwa nguyise, wahlaliswa ngasekunene kukaFaro, kwaye akukho mntu owayenokuza ngaphandleni . . . aze ngoYosefu, kwaye ixilongo lakhala aze onke amadolo agoba kuYosefu: umzekelo ogqibeleleyo kaKristu. Lowo yayinguMoya kaKristu uphila ngaloo madoda. Yabona?

392 Ngoku, ngoku apha xana uYesu wafayo, yayinguThixo ebonakaliswa enyameni. UThixo waba ngumntu. Emithethweni yentlangulo, indlela ekuphela kwayo awayenokuthi umntu ahlangule ilifa elilahlekileyo likaSirayeli, bekufuneka abe ngosisizalwana. Bekufuneka abe ngosisizalwana esisondeleyo. INcwadi kaRute iyicacisa kakuhle; kwaye kwafuneka abe sisizalwana. Ke uThixo kwafuneka abe ngozalana nomntu, ukuze umntu abe nokuzalana noThixo. Yabona?

393 Unomoya kuye, umntu uyayenza xana ezalwa, ngokuba ingumoya wendalo. Ngumoya wehlabathi, ngumoya we—uthixo weli hlabathi. Uyinzala nje ka Adam.

394 Umthi uphinda azivelise. Utyani luphinda luzivelise. Izilwanyana ziphinda zizivelise. Abantu baphinda bazivelise. Bayimveliso elisolotya lwendalo yemvelo. Niyayifumana?

395 Ngoku, ngoku xana umntu ezalwa, uzalwa nomoya kuye weli hlabathi. Eso sisizathu kufanele azalwe ngokutsha. Kuba lomoya uza usuka ekukhawulweni nguyise nonina, ntoleyo yayilukhawulo lwesondo, kwaye ngokuqinisekileyo engenakuphila naphakade. Ke kufanele azalwe ngokutsha. kwaye ngaphambi kokuba abe nokwenza oko, uThixo kwafuneka ehle aze amenzele indlela ukuba azalwe ngokutsha; ngokuba wayengenandlela yokuzihlangula, wayengenathemba. Waye . . . engenathemba, engenaThixo, engenaKristu, ehlabathini, elahlekile kwaye ephelile. Yena—yena . . . akukho nto anokuyenza ukuzisindisa. Yena . . . wonke . . . Akukhathaliseki ukuba wayengumbingeleli omkhulu, ukuba wayengubhishopu, ukuba wayengupope, nantoni awayeyiyo, unetyala nje njengomntu olandelayo.

396 Ke, kwafuneka ithabathe Lowo awayengenatyala, ukuyenza. Kwaye okuphela Kwakhe owayengenatyala yayinguThixo Ngokwakhe. Kwaye uThixo kwafuneka ehle aze abe ngumntu (kwaye Weza kwimo kaKristu) ukuzakumilisa ulwamvila lokufa, ukuthabatha ukufa akukhuphe, ukusihlangula, ukuze thina . . . hayi ngemisebenzi yethu okanye ubulungisa bethu (asinabo), kodwa ngobabalo Lakhe, siyasindiswa. Ngoko samkelela uBomi Bakhe kule mizimba ifayo, kwaye ngoku singoonyana neentombi zikaThixo, kwaye sinoBomi obunguNaphakade ngaphakathi

kwethu. Singoonyana neentombi zikaThixo. Ngoko ke, uYesu, ekubeni ephila . . .

397 Kwaye akukho mntu, akukhathaliseki ukhohlakele kangakanani okanye ulunge kangakanani, xana kufuneka a . . . xana eshiya lomhlaba, akafanga. Usendaweni ethile. Kodwa unobomi obuyakutshabalala, emveni kokuba ohlwayiwe esihogweni ngenxa yezenzo zakhe, u . . . kodwa noko oba bomi bufanele buphele. Lunye kuphela uhlobo lobomi baNaphakade.

398 Ngoku, besigqithile kokuya. Ukuba umntu angaba ngumoni kwaye ohlwaywe naphakade . . . Akanakohlwaywa naphakade ngaphandle kokuba unoBomi obunguNaphakade. Ukuba unoBomi obunguNaphakade, usindisiwe. Yabona? Ke lunye kuphela uhlobo loBomi obunguNaphakade, kwaye obo yi*Zoe*, "uBomi bukaThixo." Kwaye akanakutshabalala.

399 Kodwa abangendawo bakwindawo yo—yokulinda (kwintuthumbo) umgwebo wabo (ukuze bagwetywe ngokwemisebenzi eyenziwe emzimbeni) ngomhla wokugqibela. Ngoku, kodwa thina . . . Izono zabanye abantu ziyabandulela, ezabanye ziyabalandela.

400 Ngoku ukuba siyazivuma izono zethu, Ulilungisa ukuba asixolele, ngoko ke asisokuze sifuneke sime emgwebeni kaThixo. Niyayifumana? Jonga, AmaRoma 8:1, "Ngoko ke ngoku akusekho kugwetywa kwabakuKristu Yesu." Abo baKUKristu. Abagqithileyo ekufeni bangena eBomini; yabona, asinakugwetywa kwaye sasikuKristu Yesu. "Abangahambiyo ngokwenyama, kodwa ngokoMoya." Yabona? "Lowo uwevayo aMazwi aM, akholwe kuLowo waNdithumayo, unoBomi obunguNaphakade."

401 Kwaye ukuba bendamkelekile kuKristu, kwaye uKristu wathabatha ukugwetywa kwam, kwaye ndamkela isicamagushelo Sakhe sezono zam, angathini ukundigweba uThixo? Selegqibelile ukundigweba, xana Wagweba uKristu. Ngoko ndikhululekile emgwebeni. "Ngoko xana ndibona iGazi, Ndiyakugqitha phezu kwenu." Yabona?

402 Kodwa, ngoku, ongendawo akanjalo. Uya kwindawo yentuthumbo. Kwaye siyayazi ukuba leyo yinyaniso. Ongendawo uyaphila. Ukwindawo yentuthumbo. Ukwindawo apho angayaziyo . . . Leyo yindlela le mishologu nabaxhulumana nemimoya babiza le mimoya yabantu abandulukayo, olunye uhlobo lokudloba kunye neziqhulo ezimdaka kunye nezinto abazenzayo, ukuba wakhe wabona nanye yazo. Kulungile. Kutheni? Aba . . .

403 Khangela kuNkosazana Piper, phambi kokuba inqaku lam laphumayo lo*Mmangaliso kaDonny Morton*. Bangaphi abalifundileyo ela nqaku? Ewe, abaninzi benu, ngokuqinisekileyo. Kwaye likwi*Reader's Digest*. Ingaba uqaphele? Nje phambi kokuya, kwaphuma uNkosazana Piper,

oyena unesholugu ihlabathi elakhe lamazi. Amaphepha alishumi elinambini anikwe kwibali lakhe. Kwaye okwamashumi amahlanu eminyaka...Babenaye ihlabathi lonke, kwaye ubungqina benzululwazi nayo yonke into, okokuba "ngokwenene uyathetha nabafileyo, kwaye abantu bayavela." Intoni? IGama likaThixo zange lachatshazelwa nangexesha elinye, akukho nguquko, akukho mpiliso iNgcwele, akukhonto malunga naYo, yabona.

404 Into ekuphela kwayo eyayiyo, yayingabo bantu bachazwa, "John, akundazi? NdinguGoerge owayekwindawo *ethile*, kwaye ndenza *nje-na-nje* kunye na *nje-na-nje*. Niyakhumbula la ndawo esaya kuyo saza senza oku?" Yabona, yilonto kuphela abayaziyo. Baphelile. Badlulile kwi...Ba—bayinto engento eseleyo kuphela umgwebo.

405 Indlela umthi ogobe ngayo, leyo yindlela owa ngayo. Kwaye imeko ofa ngayo...Eso sisizathu ndahlukayo ekuthandazeleni abafileyo, yabona, isingxengxezo semithandazo okanye—okanye ubudlelane babangcwele kunye nanjalo njalo. Ayinakuba njalo, ngokweLizwi likaThixo. Ayincedi ukuthandazela nabani emveni kokuba endulukile. Kuphelile ngabo. Bona ba...bona ba...Bawugqithile umgca phakathi kwenceba nomgwebo. Bangabe baye kwinceba, okanye baye kude kwinceba. UYesu watsho njalo, kwisahluko se-16 sikaNgcwele uMateyu, Wa—Wa—Wayifundisa; isahluko se-16 sikaMarko, ndiyakholwa siso. Indoda esisityebi noLazaro; akukho mntu unokuwelela ngaphaya komda, kwaye akasokuze awelele ngaphaya! Nantso ke. Yabona? Iyayigqiba.

406 Ngoku, kodwa xana uKristu wafayo, yonke into kwafuneka ingqine ukuba Yena wayenguKristu. Ngoku masiye embuzweni wakho. Into yokuqala, iinkwenkwezi zala ukukhanya, ilanga latshona, inyanga ayavuma kunika ukukhanya kwayo, umhlaba wagqabhuka amatye awo, ekufeni Kwakhe. Kwaye Yena wemka waya kushumayela kwimiphefumlo eyayisentolongweni, eyayingazange yaguquka ekuzekeni kade komsindo kwemihla kaNowa. Yena, kwafuneka baqonde. Jonga kokuya! Kwaye ukuba kungenzeka kubekho umoni apha ngobu busuku, kucinge oko umzuzu. Ngenye imini leVangeli oyivayo ishunyayelwayo kanye ngoku, kuyakufuneka ungqine ngaYo. Ndaweni ithile uyakugoba idolo lakho, nokuba ungubani. Ingaba lishumi lewaka leminyaka ukusukela namhlanje, ingangabi yiyo kude ku...kusasa. Naphina apho ikhoyo, uzakugoba ndaweni ithile, kwaye uzakuva leVangeli inye ishunyayelwa kanye emva kuwe.

407 Kuba emveni kwalo miphefumlo yayisentolongweni, engazange yaguquka xana u-Enoki kunye naxa bonke kubo bashumayela, kunye noNowa...nokuzeka kade komsindo kaThixo, njengoko kunjalo ngoku, elindele ukuba ela xesha lifike. Kwaye uNowa no Enoki kunye nabo bonke kubo bashumayela, kwaye abo bantu bahleka baze bahlekisa ngabo.

Kwaye babesentolongweni, waza uYesu waya washumayela kwimiphefumlo eyayisentolongweni. Wangqina! Amazulu angqina yayiNguye, umhlaba wangqina yayiNguye, isihogo sangqina yayiNguye!

408 IBhayibhile yatsho ukuba i . . . UDavide, iminyaka emininzi eyagqithayo, kwiiNdumiso . . . Kulungile, Mzalwana, funda iiNdumiso, ukuba ungayenza apho. IiNdumiso i-16:10. [UMzalwana uNeville ufunda iSibhalo—Mhl.]

> [*Kuba akusayi kuwushiya umphefumlo wam kwelabafileyo; ungasayi kumyekela oWakho oNgcwele abone ukonakala.*]

409 Funda into ekwanye, mzalwana, khona apho uPetros washumayelayo, kwiZenzo, isahluko se-2, umqolo wa-27. [UMzalwana uStricker ufunda iSibhalo—Mhl.]

> [*Ngokuba ungasayi kuwushiya umphefumlo wam kwelabafileyo, ungasayi kumyekela oWakho oNgcwele abone ukonakala.*]

410 Funda imiqolo emibini ngasentla kwayo, mzalwana, ukuze ube nokufumana umxholo wayo.

> [*Kuba uDavide wathetha ngokubhekiselele Yena, Ndahlala ndiyibona iNkosi phambi kobuso bam, kuba ungakwisandla sam sokunene, ukuze ndingabi nakushukunyiswa:*]

> [*Ngoko ke yavuya intliziyo yam, nolwimi lwam lwagcoba; kananjalo inyama yam iyakuphumla kwithemba:*]

> [*Ngokuba wena ungasayi kuwushiya umphefumlo wam kwelabafileyo, ungasayi kumyekela oWakho oNgcwele abone ukonakala.*]

411 Funda umqolo olandelayo ngoku.

> [*Wena undazisile iindlela zobomi; wena uyakundizalisa ngovuyo ngobuso bakho.*]

412 Ewe, qaphela. Ngoku, sihlobo sam esiliNgqina likaYehova, ndingathanda ukubuza malunga nokuya. Yabona? Ukuba isihogo yindawo, iHhadesi, kwelabafileyo iSheol, nantoni othanda ukuyibiza ngayo, ukuba oko kuphelela engcwabeni, ngoko kutheni Yena wathi, "Andiyi kuwushiya umphefumlo Wakho kwelabafileyo, ndingasayi kumyekela OWakho oNgcwele abone ukonakala"? Kanjani malunga nokuya? Yabona?

413 Nanku wawulapha uMzimba Wakhe, engcwabeni; kwaye umphefumlo Wakhe usesihogweni, eshumayela, ephila! Malunga naphi nokuya? Wayekumzimba Wakhe welizwi kwakhona. Umphefumlo Wakhe wawusezantsi phaya kunye nabaya bantu ababekwimizimba yelizwi nabo. Kwaye engqina kubo, okokuba bona "abazange baguquka ekuzekeni kade umsindo."

414 Yena...Ngamanye amazwi, Wankqonkqoza emnyango. Kwaye xana umnyango wavuleka, kwaye yonke loo miphefumo eyaguqukayo, Wathi, "NdiyiMbewu yomfazi. NdinguLowo awathi u-Enoki apha..." Ngaphaya eParadesi, enye indawo. Ningaze niphulukane nezo ndawo zintathu, ngoku: indawo yabangendawo, indawo yamalungisa, kunye nesihogo ngokwaso. Yabona?

415 Nje ngokufana nobutriniti beZulu, ngokufana: Yise, Nyana, noMoya oyiNgcwele. Ngokufana nobutriniti berhamncwa: umprofeti wobuxoki, irhamncwa, kunye no—nophawu lwerhamncwa. Kwaye konke okuya, khumbulani, konke kukubutriniti. Ubutriniti benza into enye, bugqityelelisiwe. Enye igqityelelisiwe. Ugqityelelisiwe, isinye kwisithathu: umphefumlo, umzimba nomoya; amanzi, igazi, noluvo-mithambo. Yabona, nantoni oyiyo, kufuneka uthabathe isithathu ukwenza okugqibeleleyo. Thabatha iceba leglasi elimbombo-ntathu uze ubeke ilanga kulo, ufumana umnyama ogqibeleleyo. Yabona, yonke into, kufuneka ube nesithathu ukwenza okugqibeleleyo.

416 Kwaye ngoku, khumbulani oko, xana Wafayo, Waya kuqala kwaye washumayela kwimiphefumlo eyayingekho sentolongweni...eyayisentolongweni, waza wangqina ukuba Yena waye "yiMbewu yomfazi." Yena waye engu "Lowo u-Enoki wambonayo kunye neshumi lamawaka labangcwele Bakhe." Kwafuneka angqine iZibhalo ezaye zishunyayelwe nguNowa, nangu Enoki, kunye nangawo amalungisa, ukuba "Yena wayenguLowa." Yonke into kwafuneka iyiqonde Lonto!

417 Emva koko Wehlela esihogweni, waza wafumana izitixo zelabafileyo nesihogo kumtyholi.

418 Wabuyela ngasentla eParadesi; waza wazisa u-Abraham, Isake, noYakobi, kunye namalungisa; waza wavuka (Mateyu 27), kwaye baphuma engcwabeni baza bangena esixekweni, baza babonakala ebantwini estratweni. Haleluya! Nantso ke!

419 Ngoku, kodwa umzimba Wakhe...Ngelixa umphefumlo Wakhe wawungapha ungqina kwabalahlekileyo, ezantsi apha ethabatha izitixo kumtyholi, kwaye ebuya kwaye esizisa u-Abraham no Isake; Umphefumlo Wakhe wawulele e... Umphefumlo Wakhe wawusezantsi phaya uyenza, kwaye umzimba Wakhe wawulele engcwabeni. Eso sisizathu uYesu wathi...Abantu bathi, "Kulungile, kutheni uYesu esithi, 'Iintsuku ezintathu, Ndiyakuwuvusa. Iintsuku ezintathu Ndiyakuvuka.'? Wa—Wafa emva kwemini ngoLwesihlanu, wavuka kusasa ngeCawa."

420 Kodwa jonga, yayi "*phakathi* kweentsuku ezintathu," ukuba uyakufumana isichazi magama. Kuba Wayesazi ukuba uDavide, phantsi kwentambiso (yentambiso kaMoya oyiNgcwele), wathi, "Andisayi kumyekela OWam oNgcwele abone ukonakala."

Wayesazi ukuba oko kubhekiselele kuYe. Wayesazi oko kwakuthetha Yena. WaYengoNgcwele kaThixo, kwaye Wayesazi ukuba ukonakala kungena kwiiyure ezingamashumi asixhenxe anesibini. Ndaweni ithile ngaphakathi kwezo ntsuku zintathu, Wayephuma phaya kwakhona, ngokuba iZibhalo azinakophulwa.

421 Kwaye sonke isithembiso khona Phaya sibhekiselele kum kwaye sibhekiselele kuwe, sesethu!

422 Wathi, "Wutshabalaliseni lomzimba, kwaye Ndiyakuwuvusa ngeentsuku ezintathu." Kuba Wathi, "Andisayi kuwushiya umphefumlo Wakhe kwelabafileyo, ndingasayi kumyekela OWam oNgcwele abone ukonakala."

423 Wayesazi, kwiintsuku ezintathu la mzimba wawuphuma phaya. Akazange ahlale iintsuku ezintathu ezigcweleyo. Hayi, mhlekazi, ngokuqinisekileyo Akazange. Wahlala nje ukusuka ngoLwesihlanu emva kwemini kwade kwangeCawa kusasa, akukho naseli enye yala mzimba yabanokonakala.

424 Kwaye Waye efile, kwaye ethanjisiwe, kwaye elele . . . okanye esongelwe ngelaphu, kwaye elele engcwabeni. Kobabushushu, ilizwe lemigxobhozo, nje kuthabatha iiyure ezimbalwa kwaye Yena uya ekonakaleni. Uya ekubeni ngonokonak- . . . ukonakala, uyayazi, umzimba wakhe, impumlo yakhe isiwa kunye nezinto, ukonakala kuyangena; eliya lishushu, ilizwe elifumayo. Kwaye ubungaya ekonakaleni, ngokuba yayingumzimba. Kodwa Yena wayazi, ngaphambi kwalaseli yonakale, ukuba uThixo watsho ngoDavide umprofeti, "Andisayi kumyekela OWam oNgcwele abone ukonakala."

425 Indlela Awalithabatha ngayo iLizwi likaThixo waza waphila ngaLo! Ngoku, zonke ezo zithembiso khona phaya ezibhekiselele kuYe, uThixo wazalisekisa ngasinye kuzo. Kwaye sonke isithembiso esibhekiselele kwikholwa, uThixo uyakuzalisekisa sonke isithembiso saSo. Amen. Phumla ngokuqinisekileyo nje ekubeni SiyiNyaniso. Amen. Ke, umphefumlo Wakhe . . .

> **Ingaba ucinga ukuba iyi** . . . Hayi, ndiyaxolisa. **Wawuphi uMoya kaYesu ngazo iintsuku ezintathu umzimba Wakhe wawusengcwabeni?**

426 UMoya Wakhe wawukwelabafileyo, ezantsi kwimimango engasezantsi; kwaye Wavuka. Kwaye ndingongeza encinci—encinci intetho apha enokuninceda kakhulu. Xana Wavukayo, oWakhe . . . Xana Wavukayo ekufeni, eneneni Wayengekagqibi ngomsebenzi wentlangulo. Injalo lonto. Kwafuneka acoce yonke into. Ixabiso lalihlawulwe, kodwa okwakoyikeka kwesihogo, okwakoyikeka kwengcwaba . . . Kwaye apha, xana Yena—xana Yena wafayo, Waya kanye ngqo. Akazange ayeke ukusebenza xana Wafayo, Waqhubeka eshumayela! . . . ? . . . Kuxoleleni ukwenza kwam kobuqhitala, ndiyacinga, kodwa Akazange ayeke!

427 Akusayi kufa! Umzimba wakho ungaphumla ithutyana, kodwa uThixo uyakuwuvusa, Wathembisa Uyakuyenza. Kodwa akusayi kutshabalala kunokuba uThixo enokutshabalala. Injalo lonto. Khangela, eYakhe...emveni kokuba Yena efile, kokuphi...efile kubafundi. Waye elele, into Yena awayeyiyo. Bamlalisa Yena; njengoko Wayetshilo malunga noLazaro, "Ndiyakumvusa." UThixo kwafanela amvuse Yena.

428 Jonga, Wehlela kanye ezantsi, Waqhubeka eshumayela. Kwaye Washumayela kwimiphefumlo apha entolongweni. Waya ngqo kwelabafileyo, wafumana izitixo kumtyholi. Wenyuka wabuyela emva waza washumayela kwakhona eParadesi, waza wavuka kwakhona kusuku lwesithathu. Wahambela abafundi Bakhe amashumi amane eentsuku, waze ekupheleni kosuku lamashumi amane, Wanyukela ngasentla; ngokuba, yonke into phezu kwethu, iinkolelo nayo yonke into engenye... Wanqunqa zonke iinkolelo, konke ukuthandabuza, waza wenza umgca wokuthandazela ukusuka emhlabeni ukuya eLuzukweni ekunyukeni Kwakhe. Wenyukela ngasentla waza wahlala ngasekunene kobuNgangamshe Bakhe. UMeyisi! UMeyisi Omkhulu, ngokuqinisekileyo. Ukufa kwakungenakumbamba Yena! Elabafileyo lalingenakumbamba Yena! Umhlaba wawungenakumbamba Yena!

429 Xana Wayelapha emhlabeni, Wayenikwe...Waya kwesona sisezantsi isixeko nakwabona baphantsi abantu kwaye wanikwa elona gama liphantsi. Yilonto umntu awayenzayo kuYe. Waya eYerikho, esona sixeko sisezantsi. Eyona ndoda incinci kwafuneka ikhwele phezulu emthini ukuze ijonge ezantsi kuYe. Kulapho umntu awambeka khona Yena. Wayengumhlambinyawo, owona msebenzi mbi onokunikezwa. Waba ngoyena uphantsi. Kwaye Yena wayebizwa ngelona gama liphantsi elinokunikezwa, *Bhelezabhubhe*, "inkosana yamadimoni." Umntu waMnika elona gama liphantsi, eyona ndawo iphantsi, waza waMthumela kweyona isezantsi imimango yelabafileyo.

430 UThixo waMvusa waza waMthumela kwawona Angasentla aMazulu, kunye neGama elingaphezulu kwalo lonke igama. Haleluya! Kutheni, kwade kwafuneka Ajonge ngaphaya ukuze abone iZulu. ITrone Yakho iphakanyiselwe ngaphezulu kwamazulu eZulu. Kunye nelona Gama likhulu elakhe lathiywa eZulwini nasemhlabeni kufanele li...libotshelelwe kuYe. Oko koko uThixo wakwenzayo kuYe. Umntu waMbeka kweyona isezantsi, waza uThixo wamenza Yena oyena uPhakamileyo. Nankuya Wayekho, ukusuka kweyona iphantsi ukuya, kweyona iPhakamileyo.

431 Waba ngophantsi ukuze Abe nokusinyusela kokona kuPhakamileyo. Waba sithi, ukuze thina ngobabalo Lwakhe sibenokuba nguYe, oonyana bakaThixo. Kulapho Yena waya khona. Amen! Malibongwe iGama Lakhe. Yena wenza indlela

ukuze sibenakho ukuza, nathi, ngenye imini, "Ngokuba ndiyaphila, niyaphila nani."

432 Owu, akumangalisi . . . Xana umntu ebamba la mbono, akuzange kubekho mntu onokuwucacisa. Bakhe bazama ukuwucacisa, baphulukana nengqondo yabo; le ngoma inkulu: "Owu, uthando lukaThixo, lunjani ukutyeba nokubanyulu! Lunjani ukungaqiqeki nokomelela!" La mqolo wokugqibela . . . okanye ndiyakholwa umqolo wokuqala, nguwo: "Ukuba besinokuzalisa ulwandle nge inki, kwaye izibhakabhaka zenziwe ngofele lokubhalela; . . ." Uyayazi apho kwafumaneka khona okuya? Kubhalwe kweyababaphazamiseke ngengqondo . . . kudonga kwindawo yababaphazamiseke ngengqondo. Akukho mntu onganakho ukucacisa olwa Thando lukaThixo. Owu, alunakuxelwa, Awakwenzela thina. Bethu, ungathini ukubeka nanye imfaneleko khona phaya? Lubabalo Lakhe, ukusuka ekuqaleni ukuya ekupheleni. Ndandilahlekile, ndingagqibelelanga, kwaye ndingancedakelanga, ndingalunganga, kungekho nto malunga nayo, waza Yena ngobabalo Lwakhe weza wasisindisa. Owu, bethu. Leyo yeYakhe . . . Leyo yiNkosi yam. Olo luthando Lakhe, oko kukulunga Kwakhe.

433 Ngoku sinamalunga nesixhenxe semizuzu kunye namalunga nemibuzo elishumi elinesihlanu kwaye . . .

**62. Ingaba ucinga kulungile abafazi benze imisebenzi yomntu ngaphandle ebandleni?**

434 Ewe. Lowo nje ngumbuzo, nje i . . . hayi umbuzo ngokwesibhalo, kodwa . . . Ngokuqinisekileyo, ndiyayenza. Ewe, mhlekazi, sonke singabasebenzi ngokuhlangeneyo. Abafazi baneendawo zabo, kwaye ngokuqinisekileyo bayayenza. Ewe, mhlekazi. Yenza nje wonke umsebenzi womntu onokuwenza, kwaye uThixo uyakukusikelela ngawo.

Kulungile, ngoku masibone:

**63. Nceda cacisa ubutriniti. Angathini uNyana ukuhlala ngasekunene koYise, engxengxezela i . . . kuYise, ukuba abangobantu babini?**

435 Kulungile, sihlobo esithandekayo, eso si . . . eso si—eso sisityhilelo. Ukuba uYesu wathi, "Mna noBawo sibaNye," ngoko bangathini ukuba babini? Yabona? Ngoku, abakho babini.

436 Umfazi wakhe wathi kum, kwaye ndandicacisa okuya, wathi, "Wena nomfazi wakho ni—nibabini, noko nibanye."

437 Ndathi, "Kodwa, uThixo noNyana bahlukile kokuya, yabona." Ndathi, "Uyandibona?"

"Ewe."

"Uyambona umfazi wam?"

"Hayi."

438 Ndathi, "Ngoko, uBawo noNyana bahlukile; uYesu wathi, 'Xana nibona Mna, nimbonile uBawo.'" Yabona?

439 UBawo noNyana . . . UBawo wayenguYehova uSomandla (uThixo) ehleli kumnquba obizwa Yesu Kristu, ntoleyo yayinguNyana kaThixo othanjisiweyo. UYesu yayinguMntu, uThixo nguMoya. Kwaye akukho mntu wakhe wambona uThixo nangeliphi ixesha, kodwa okuphela kwakhe amzeleyo *u*Yise oMazisileyo. Yena wa . . . Yena . . . Ubuntu Bakhe, isiqu Sakhe, ubuThixo Bakhe, nantoni Yena awayeyiyo, Waye enguThixo! Wayengeyonto engaphantsi okanye nanto engaphezulu kunoThixo. Noko, Waye enguMntu. WayenguMntu, indlu awathi wahlala kuyo uThixo. Injalo lonto, Waye eyindawo yokuhlala uThixo.

440 Ngoku, ukuba ufuna iZibhalo ezithile kokuya: Mzalwana uNeville, ukuba ungandifumanela uNgcwele uMarko i-14:62. Kunye noDade Wood, ndifumanele abase-Efese 1:20. Umntu othile ongomnye oneBhayibhile? Kulungile, phakamisa isandla sakho. Dade u-Anorld, unayo emva phaya? Kulungile, ndifumanele iZenzo 7:55. Kulungile. UMarko 14:62, Mzalwana uNeville; kunye noDade uWood ngabase Efese 1:20; iZenzo 7:55, Dade Arnold.

441 Kulungile, ingaba unayo, Mzalwana uNeville? Kulungile, funda ngoku. [UMzalwana uNeville ufunda iSibhalo—Mhl.]

> [*Waza wathi uYesu, Ndinguye: kwaye niyakumbona uNyana womntu ehleli ngasekunene kwamandla, kwaye esiza esemafini ezulu.*]

442 Kulungile, ngoku, qaphela ibinzana lokuqala phaya. UYesu wathi, "NDINGUYE."

443 "NDINGUYE." Yayingubani uNDINGUYE? Akuzange kwabakho mntu ehlabathini onokuYitolika. Kwa ne . . . nina bafunda iincwadi ezichaza amagama kunye nanjalo njalo, akuzange kubekho mntu onokuyazi . . . Lingu J-v-h-u. Kwaye kwanezifundiswa zesiHebhere azizange zibe nokuLibiza. Ela tyholo livuthayo phaya, ngala mini xana Yena wahlangana noMoses, yaYingu J-v-h-u. Ke baye balibiza Lona "J-o-h, Jehovah," kodwa Asingu "Jehovah." J-v-h-u, yabona, akukho bani waziyo.

444 Kwaye nithi, "Kuhle, uMoses akazange aLazi."

445 Wathi, "Ndithi ngubani?"

446 Wathi, "Yithi, u 'NDINGUYE' ukuthumile. NDINGUYE."

447 Qaphela ngoku, *NDINGUYE* lixesha langoku, hayi "Ndanginguye" okanye "Ndiyakuba nguye," NDINGUYE. Ngoku, Wathi, "Esi iyakuba sisikhumbuzo kuzo zonke izizukulwana: NDINGUYE."

448 Ngoku jonga kuYesu emile phaya esidlweni ngala mhla. Bathi, "Siyayazi ngoku uphambene." Amazwi angawo,

"Uligeza" (*Igeza* ku "kukuphambana.") "Siyayazi uphambene. UngumSamariya, unedemoni." (UNgcwele uYohane, isahluko se-6) Waze wathi, "Ngoku, utsho ukuba u. . . wambona u-Abraham, kwaye uyindoda engagqithanga kumashumi amahlanu eminyaka ubudala?" (Angabe wayekhangeleka emdalana ngokobudala Bakhe, kodwa kuphela Wayemashumi amathathu, kodwa umsebenzi Wakhe.) Bathi, "Uthetha ukuba uyindoda engagqithanga kumashumi amahlanu eminyaka ubudala, kwaye uthi wena 'wambona u-Abraham'? Siyayazi uphambene ngoku." Yabona?

Wathi, "Phambi kokuba wayekho u-Abraham, NDINGUYE."

449 "NDINGUYE," Wayengomkhulu uNDINGUYE. Apha Uxelela lamaYuda kwakhona, yabona, "NDINGUYE! Kwaye xana niNdibona ndisiza ngasekunene kwamandla, . . ." Ingaba injalo?

450 Funda okuya kwakhona, mzalwana. [UMzawlana uNeville ufunda iSibhalo—Mhl.]

> [. . .*kwaye nikubona uNyana womntu ehleli ngasekunene kwamandla, kwaye esiza ngamafu ezulu*.]

451 Funda eyakho ngoku, Dade Wood. [Indawo engenanto eteyiphini. UDade uWood uthi, "Ama-Efese 1:20?"—Mhl.] Ewe, mama. [UDade uWood uyafunda.]

> [*Owazenzayo kuKristu, xana wamvusayo ekufeni, waza wamhlalisa ngasekunene kwakhe kwezasemazulwini iindawo*.]

452 Kulungile, funda eyakho, dade. Yabona, Iyinto nje enye. [UDade Arnold ufunda iZenzo i-7:55—Mhl.]

> [*Kodwa yena, ekubeni ezele nguMoya oyiNgcwele, wakhangela phezulu ondele ezulwini, waza wabona uzuko lukaThixo, kwaye uYesu ehleli ngasekunene kukaThixo,*]

453 Ngoku, niyabona, uYe-. . . UThixo ebengenakuba nesandla esikhulu sasekunene, yabona, kwaye uYesu emile *nga*kwisandla sasekunene Sakhe. *Isandla sasekunene* sithetha "igunya." Yabona? Nje umzekelo, kungathini ukuba—ukuba bendilulawulo lonke lebandla, okanye bendingubhishopu wahlobo luthile, kwaye uMzalwana uNeville ebethabathe indawo yam, ebeyakuba sisandla sam sasekunene. Yabona, oko kuthetha ukuba yena . . . yena ebeya kuba ngasekunene kwam.

454 Ngoku, uYesu ungasekunene kwaMandla. Ngoku, Utsho njalo, apha kuma Efese, xana eyicacisa, Usekunene kwaMandla. "Onke amagunya eMazulwini nasemhlabeni" (Wathi, emveni kovuko Lakhe) "anikelwe ezandleni zaM. Ndinalo lonke igunya eMazulwini nasemhlabeni. Hambani ngoko niye kuzifundisa zonke izizwe, nibabhaptizele eGameni loYise, noNyana, Moya

oyiNgcwele, nibafundisa ukuba bazithobele zonke izinto endiniyalele ngazo; yabonani, ndisoloko ndinani, kude kube sekupheleni kwehlabathi.”

455 “Lonke igunya eMazulwini nasemhlabeni.” Iphi la... Ukuba kukho uthixo phezulu phaya ngaphandle Kwakhe, akanagunya. Yabona, akunakubakho wumbi uThixo. “Onke amagunya eMazulwini nasemhlabeni” alele esandleni Sakhe. Ke, niyabona, “Umi ngasekunene,” (njengoko umntu ebuze umbuzo), ayithethi...

456 Ngoku jonga, umzimba... UThixo nguMoya. Ehe, bangaphi abakuqondayo oko? Yithini, “Amen.” UThixo nguMoya, uYesu nguMntu, kwaye uYesu wayenguThixo enziwe inyama. UYesu waye... Besingasokuze simbone uThixo, yabona, Yena nguMoya. Akunakho ukubona umoya. “Akukho mntu umbonileyo uThixo nangaliphi ixesha.” Akukho mntu unako ukumbona uThixo.

457 Kwaye mandikutsho oku, “Anizange nandibona.” Anizange nindibone kubo bonke ubomi benu, kwaye anisayi kundibona. Injalo lonto. Nibona lo mzimba obonakalisa lomntu, ongaphakathi apha. Ngoku, lomzimba awunaBomi baNaphakade, kodwa umoya unoBomi baNaphakade. Lo mzimba uyakubuyela emva, kodwa uyakuza kwakhona kwimfano yawo, nje ngokufana nokhozo lwengqolowa lusiya emhlabeni. UbuKristu busekelezelwe phezu kovuko, hayi ukubeka into endaweni yengasekhoyo. Uvuko; uYesu okwamnye wehlela ngasezantsi, uYesu okwamnye wabuya. Ukuba uhla unentloko ebomvu, ubuya unentloko ebomvu; ukuba uhla unentloko emnyama, ubuya unentloko emnyama. Yabona, luvuko.

458 Xa usiya kutya... Ndimbuzile ugqirha ukuba, kungekudala, Ndathi, “Kutheni xana ndandineshumi elinesithandathu leminyaka ubudala... Lonke ixesha ndisitya, ndivuselela ubomi bam?”

459 Wathi, “Kunjalo oko.”

460 Ungenisa ezintsha—iiseli ezintsha lonke ixesha zenza...i—inyama yenza...okanye ukutya kwenza iiseli zegazi, kwaye laseli yegazi ikwenza womelele. Leyo yindlela ophila ngayo. Emva koko, into ethile kufanele ife lonke ixesha, ukuze wena uphile. Yonke imihla, into ethile iyafa: ukuba utya inyama, inkomo ifile; okanye nantoni na oyityayo; kunye nentlanzi ifile; okanye i—okanye ingqolowa ifile, ukwenza isonka; itapile lifile, elenze itapile; kwaye i...sonke isimo sobomi; ungaphila nje kuphela ngento efileyo.

461 Kwaye ungaphila kuphela Naphakade ngokuba into ethile iye yafa: uYesu. Hayi ngokuba ujoyine icawa, hayi kuba wawubhaptiziwe, hayi kuba wazibiza ngobuKristu; ngokuba wamkela uBomi bukaYesu Kristu obathi bopha...IGazi

elaphazwa ngenxa yakho, kwaye wamkela Yena njengoMsindisi wakho.

462 Ngoku, qaphela, ndibuza oku. Ndifuna uku*ku*buza oku. Khangela koku, kuhle. Mhlawumbi ndifundisile kuko ngaphambili (andazi) apha; ukushumayela yonke indawo, uyalibala oko ukutshiloyo kwezinye . . . iindawo ezithile. Kodwa, kutheni injalo, ngoko . . .

463 Ngoku, ndiyaqikelela, Dade Smith . . . Andiyazi nokuba bendimazi uMzalwana uFleeman emva kude phaya okanye hayi. Kwaye uTryphena, ndiyamkhumbula xana wayeyintombazana encinci. Uyandikhumbula, xana ndandiqhele uku . . . ndandimncinci, mfutshane, isigqigqana; ezimnyama, iinwele ezijijekileyo. Ndandiqhele ukulwa ngamanqindi. Owu, ndandicinga ndandiyindoda esefashonini ehlabathini. "Owu," ndandicinga, "akukho mntu onokundibetha. Hayi, mhlekazi." Kodwa nda—ndabhanxeka kokuya, niyabona. Kodwa nda . . . Ngoku, ndacinga nje, "Owu, bethu." Ndacinga, "Ukuba ungabeka lento kumqolo wam, ndiyakwehla ngestrato kunye nayo." Ngokuqinisekileyo, akukhonto indikhathazayo. Kwaye ngalo lonke ixesha ndisitya, bendimkhulu kwaye ndisomelela lonke ixesha. Lonke ixesha ndifaka ubomi obutsha . . . Ndiye ndatya ikhaphetshu, iitapile, neembhotyi, nenyama, njengoko ndisenza namhlanje. Kwaye bendisomelela kwaye ndisiba mkhulu lonke ixesha. Kwaye xana ndifikelela ukuba malunga namashumi amabini anesihlanu . . .

464 Nditya ngcono ngoku kunokuba ndandisenza ngoko, nonke niyandazi, niyakwazi oko. Ndinganakho ukutya ngcono ngoku, sonke kuthi sinjalo. Kodwa kutheni injalo, Mzalwana u-Eagen, ngoko, ukuba ndisatya ukutya okungcono, okungaphezulu kwako, izakha mzimba ezingcono kunye nento yonke . . . Kwaye ngokungaphezulu ndisitya, ndiyaqhubeka ukufiphala. Kwaye ngoku ndiba yendala emagxa agobileyo indoda, enempandla, kwaye ndisiba ngwevu, nezandla zishwabana, ubuso buboqokile, amagxa esiya ezantsi, kusasa kunzima ukuvuka, kwaye . . . Owu, bethu. Kutheni injalo? Ukuba ndiyabuvuselela ubomi bam lonke ixesha ndisitya, kutheni injalo ngoko?

465 Ukuba ndigalela amanzi ndiwakhupha kwingobozi ukuya eglasini, ize ithi gabhu ukugcwala, kuze emva koko aqalise ukwehla lonke ixesha endaweni yokunyuka; kwaye ngakumbi ndigalela, ngokukhawuleza ayehla. Nantso ke. Kwaye ubungenakuyiqondakalisa ngenzululwazi ukuba ubufanele uyenze. Le Ncwadi kuphela kwento yokuqondakalisa ukuba uThixo ubeke ixesha; lixesha elibekiweyo, uThixo wasibona sivela.

466 Nina madoda amadala, nani bafazi abadala, mhlawumbi abanye benu—abayeni benu nabafazi benu mhlawumbi

bandulukile. Oko aku—oko akukhathazi nto. Haleluya! Bawelele nje ngaphaya komkhusana, balindile; ngokuqinisekileyo. Kwaye balangazelela ukuba nani kwakhona. Injalo lonto, ngokuqinisekileyo, banjalo. Balangazelela ukuhlangana kwakhona. IBhayibhile yathi banjalo, imiphefumlo phantsi kwesibingelelo ikhala, "Nkosi, koda kube nini?" Yabona? Ayikho kwimeko yayo elungileyo.

467 UThixo akazange asenze iiNgelosi, wasenza amadoda nabafazi. Siyakusoloko singamadoda nabafazi, ngokuba siyi—siyimveliso yobukrelekrele bukaThixo. Singasoloko singamadoda nabafazi.

468 Kodwa yenza ntoni? Yabona, mhlawumbi ucinga ukuba xana wehla waya esibingelelweni, wena nomyeni, watsho ukuba sithabatha omnye nomnye ukuba ngumfazi otshate ngokwasemthethweni kwaye siphile kunye kwisimo esingcwele salo mtshato, kunye nobabalo lukaThixo kunye nanjalo njalo, kunye nabo bonke ubungqina enibunikayo, nezibhambathiso zenu enizenzileyo. Into yokuqala oyaziyo, uqalisa ukuqaphela, nobabini. Waye elulekile ngomzimba, kwaye iinwele zikhazimla; kwaye umama kunye nobuhle bakhe, amehlo amancinci antsundu, okanye amehlo aluhlaza, okanye nantoni eyayiyiyo. Owu, indlela owajonga kuye. Wena waphuma, wena wajonga kutata, "Ngoku, esolulela loo magxa ngasemva"; kwaye emveni kwethuba aqalisa ukugoba. Umama uyakuba nentloko engwevu, ukuqaqamba kwamalungu omzimba kungene kunye nanjalo njalo. Kwaye emveni kwethuba, undulukile uyemka, okanye utata uyemka.

469 Ibiyintoni? Xana uThixo wakubonayo umile phaya, Wathi, "Leyo yiyo, leyo yindlela endikufuna ngayo. Kulungile. Kufa, yiza, kodwa akunakubathabatha de ndikuvumele."

470 Owu, owu, ndicinga ngoYobhi. Ewe, uThixo wayejonge ezantsi, uYobhi wayazi ukuba uThixo uyamthanda. (Kwaye qaphela akanakukuthabatha.) Wathi, "Mthabathele ezandleni zakho, kodwa ungabuthabathi ubomi bakhe."

471 Kwaze ngoko into yokuqala oyaziyo, amagxa aqalisa ukwehla, kwaze emva kwethuba wawumkile. Yayiyintoni eyenzekayo?

472 Ngoku, eluvukweni akusayi kubakho nanye into emele ukufa. Akunakubakho nto emele lomhlaba, owe . . . Yabona, ubuvela ngentando kaThixo, ubunobomi. Emva koko ukufa kwangena, kwakuhlisela ezantsi. Usitya ukutya okukwakunye nayo yonke into, usela uhlobo olunye lwamanzi, yonke into; kodwa ukufa kwangena. Kodwa umfanekiso sele ubekiwe. Haleluya! Eluvukweni uyakuba bubomi kwakhona. Kwaye akusayi kubakho kufa, okanye okumele ukufa, okanye ukuguga, okanye abakhubazekileyo okanye nantoni. Ukungafi, siyakuma kwimfano Yakhe, sigqibelele naphakade. Haleluya. Owu, ndi . . .

Oko kuyakwenza nabani akhwaze, ingakumbi xana ufumana ubudala bam.

473 Ubudala bam bu, ndiyaqikelela, xana wena, yicinge, ngaphezulu kunakuqala. Uphaya nje kolwahlobo lokuguqukela, uyabona. I. . . Uyaqalisa ukumangala, "Yintoni emalunga nako konke? Yintoni endiyenzileyo?" Ndijonga ngasemva ezantsi apha, ndiyacinga, "Bethu, ukulunga! Kuhle, kuphi apho kuye khona, Nkosi? Ndinguye lo, amashumi amane anesibhozo eminyaka ubudala, emibini engaphezulu iminyaka, ndiyakuba sisiqingatha sekhulu. Whew! Kuphela ndi. . . Jonga nje kwimiphefumlo embalwa endiyizuzileyo; ndifuna ukuzuza izigidi nezigidi ngaphezulu." Thixo, ndincede.

474 Ndiba nentloni ngesiqu sam kwa nokugoduka ngeholide. Cinga "Owu, isivuno sivuthiwe, kwaye abasebenzi bambalwa. Izigidi esonweni nehlazo ziyafa mihla yonke, yiva ukubiza kwabo." Ndiya ebhedini phaya ebusuku ndize ndizive zona iintsizi zabahedeni zikhala ngaphaya elizweni. Indlela abaye baze bengamawaka, betsala emva kwam, kwaye—kwaye ndimile phandle phaya kwisikhululo senqwelo-moya apho kwafuneka babe nomkhosi wabahlali phandle phaya ukubanqanda, nje ukuva ibali likaYesu Kristu.

475 Kwaye apha singangqiba, sibhengeze ephepheni kunye nayo yonke into engenye, kwaye sibafumanele ezona ndawo zintle zokuhlala, okona konwabisayo ngomculo omhle, bayakuza baze, "*Ahhh*! Ke, ndiyaqikelela okuya bekulungile, asikokwasenkolweni yam kodwa."

476 Owu, bethu, koda—koda—koda kube nini ikho? Asiyo. . . ayilunganga. Kwaye apha sirhugulela emgqomeni wenkunkuma amakhulu ezigidi zeetoni zokutya, kwaye bona abantu bayakukwamkela ngovuyo. Kwaye bazizidalwa zomhlaba njengoko sinjalo. Bethu, thina. . . Kuhle, oko akunakwenzeka olwahlobo ithuba elide.

477 Kulungile, ngoku, Ngubani uYise? UYise kunye noNyana baNye. Qaphela, kuYohane Wokuqala 5:7, Ithi, "Bathathu abanobungqina eZulwini, uYise, iLizwi (yena lowo unguNyana). . . UYise, Nyana, noMoya oyiNgcwele: aba bathathu baNye."

478 "Bathathu abangginayo emhlabeni, ntoleyo ingamanzi, igazi, noMoya." Ezo zizinto ezintathu ezeza ziphuma emzimbeni kaKristu. Bahlaba icala Lakhe: amanzi aphuma, iGazi laphuma, "Ezandleni Zakho ndiyawunikela uMoya waM." Nantso ke, ezo zizinto ezintathu. Ezi zintathu azikho nye, kodwa zi*yavumelana* kwinto enye.

479 UYise, Nyana, noMoya oyiNgcwele; uYohane Wokuqala isi-5:7, uthi, "Aba bathathu *ba*Nye."

480 "Amanzi, igazi, noMoya *bayavumelana* kwinto enye." Hayi iSinye, kodwa *bayavumelana* kwinto enye. Ke uBawo. . .

Kwaye into ekuphela kwayo anokuthi umzimba uyenze, xana uThixo anokuzibona Yena, okokuba ngaso isohlwayo lomzimba owagqitha kuso, nantso isahlulela . . . ukwahlulela kanye phaya, uyabona. Phaya kuxana Yena ebona ela Gazi limi phakathi Kwakhe nomgwebo. Apha liLizwi Lakhe, wathi, "Ngomhla othe watya ngawo kuwo, ngumhla oyakuthi ufe." Kwaye naku uYesu wathi, "Mna . . . Kodwa ndithabathe indawo yabo. Yabona, ndithabathe indawo yabo."

481 Niyalikhumbula ibali lam ngobunye ubusuku apho ndabona umbono womfazi ombi kakhulu owayesegumbini phaya? Kwaye ndandimgweba, ndathi, "Thixo, kutheni ungaqhushumbisi landawo?" Emva koko Yena wandibonisa *mna*, yabona. Kwaye ndenyuka ndaya kuye ndaza ndamxelela okwakwenzekile.

Ngoku, lona ngumbuzo wam wokugqibela.

**64. Ingaba ucinga, ngokweZibhalo, ukuba amaYuda ayaku . . . ayakumamkela uKristu nje phambi koXhwilo lweBandla?**

482 Ndi—ndi—ndiyakholwa ngenene ukuba uXhwilo lweBandla . . . Olu luluvo lwam, yabona. Kwaye ukuba besinexesha, besiyakuyithabatha ukuyidlulisa, kodwa ku—kusemva kweyesithoba ngoku. Jongani, ndiyakholelwa ukuba amaYuda ayakumamkela uKristu ekuZeni Kwakhe kwesibini. Ngoku khumbulani, ukuze umntu abenokukwazi oku, amehlo ethu ayemfanyekisiwe, okanye, amehlo abo ayemfanyekisiwe ukuze sibenokufumana ukubona kwethu. Nabani uyayazi, iZibhalo zithetha ngoko. Ingaba injalo? UPawulos usixelela ukuba eyethu . . . ukuba sasimfanyekisiwe . . . ukuba amaYuda ayemfanyekisiwe ukuze thina sibe nokwamkela uKristu. Yabona? Kwaye singumnquma wasendle ohlonyelweyo ngokwamkelelwa emthini.

483 Ngoku nalu uluvo lwam, ndizakuninika nje . . . Bayandibuza, "Ingaba ucinga . . . ?" Ngoku nantsi indlela endicinga iyakwenzeka. Andiyazi. Nokuba yintoni, ndiqinisekile ukuba ngobabalo lukaThixo nenceba Yakhe, siyakubaphaya; yabona, ngobabalo Lakhe, nantoni na eyiyo. Ndingangabinakho ukuyiqikelela, kodwa naku endikucingayo. Ndiyakholwa sisekupheleni kwexesha. Ndiyakholwa isigaba seNtlanga siyaphela kanye ngoku. Ndiyakholwa sisekuvaleni.

484 Kwaye ngoku amaYuda; apha ibe izizinto ezimbini ezasoloko zisona amaYuda: Ayemfanyekisiwe, ayengenakho ukuyibona; kwaye ngenxa yokuba iiNtlanga, ngenxa yento enye, amaxesha amaninzi . . .

485 Ndiye ndathetha nomYuda eBenton Harbor, Dade Smith, kwaye uyayazi into awayitshoyo kum? Ngaphaya kwenye yalomaSirayeli . . . iindawo zamaSirayeli phaya. Umbuzo malunga nempiliso yendoda eyimfama. Waza wathi, "Akunakusika amaYuda abe . . . Akunakusika uThixo abe zizijungqe ezintathu uze uMnike umYuda; uMenze uYise, Nyana,

noMoya oyiNgcwele.” Wathi, “Akunakuyenza lanto kumYuda, asingobanquli bezithixo.” Wathi, “Sikholelwa kuThixo *omnye*.” Yabona?

486 Kwaye niya ekumenzeni ooThixo abathathu: Thixo uYise, Thixo uNyana, noThixo uMoya oyiNgcwele; ngokuqinisekileyo umfamekisile umYuda kanye phaya, kuba wazi ngcono. Wazi ngcono kunokuya. Oko kuyakukwenza umnquli zithixo nje ngokuqinisekileyo njengoko umnquli zithixo enjalo, unoothixo abathathu. Kufanele ubenze babeyinto enye noThixo, oko ayingoothixo abathathu, zizikhundla ezintathu zoThixo omnye. Yabona, uThixo esebenza kubuYise, Wasebenza kubuNyana, kwaye Usebenza ngoku kwixesha likaMoya oyiNgcwele. NguThixo okwamnye.

487 Eso sisizathu thina esayalelwayo ukuba sibhaptizele eGameni likaYise, Nyana, Moya oyiNgcwele; ngokuba, hayi egameni lika . . . E*Gameni*, hayi amagama; hayi emagameni, okanye egameni likaYise, egameni likaNyana, egameni likaMoya oyiNgcwele; kodwa “eGameni likaYise, Nyana, noMoya oyiNgcwele.” Yabona, ukuqonda uThixo okwamnye ekubeni nguKristu. Yabona, lowo nguLowo anguye, ayinakuba yenye indlela. Yabona? Kwaye iSibhalo . . .

488 Kwaye—kwaye ngoko ukuba isityhilelo sethu asilunganga, ngoko uPetros kunye nabanye abapostile babefundise into engalunganga; kuba wonke umntu eBhayibhileni wabhaptizelwa eGameni leNkosi uYesu Kristu. Akukho namnye umntu owakhe wabhaptizelwa ku “Yise, Nyana, Moya oyiNgcwele,” yimfundiso yobuKatolika. Ndingakubonisa ngamazwi angawabo, kunye nesichazi magama sabo nento yonke. Yimvumo-nkolo yobuKatolika kwaye hayi i—imfundiso yeBhayibhile. Kwaye akukho mntu . . .

489 Kwa noKumkani waseNgilane wabhaptizelwa eGameni likaYesu Kristu. Malunga namakhulu amathandathu eminyaka emveni kokufa kompostile wokugqibela, xana yayingekabizwa nokubizwa Ngilane ngoko, ibizwa “ILizwe leNgelosi.” Phaya kulapho lisuka khona, igama. Wabhaptizelwa eGameni likaYesu Kristu.

490 Yintoni eyamguqulayo, yayingungqabe omncinci. Xana . . . Ukuba ndingacinga, hayi uNgcwele Angelo. Yayingubani igama lakhe, ngoku? Agabus, uNgcwele Agabus, ndiyakholwa yayinguye. Andiyi kuqiniseka ngela gama, ngoku. Kodwa, nakanjani, wanyukela phaya, kwaye bafumana ezinye zezi . . .

491 Bababiza iingelosi ngokuba, abantu kunye nama Asiriya kunye nanjalo njalo babentsundu inkangaleko, kwaye laMangesi ayenezinde, ezimhlophe, ezijikojiko iinwele, intloko ezigwangqa, ama Anglo-Saxons, niyazi, amehlo aluhlaza. Kwaye bathi, “Bakhangeleka ngathi ziiNgelosi,” kwaye ke bayibiza “ILizwe leNgelosi.”

492 Kwaye i—isicaka seNkosi senyukela phaya kwaye sasishumayela kwikumkani yabo, kwaye babehleli kwenkulu, evulekileyo indawo yomlilo. Ndandifunda imbali yayo kungekudala. Kwaye intaka encinci yabhabhela ekukhanyeni yaza yabuyela emva, yaze ikumkani yabuza umbuzo, "Isuka phi kwaye iye yaya phi?" Yabona? "Yaza ekukhanyeni, kwaye sayibona, yaza yabuyela emva ebumnyameni. Ingaba asiyondlela leyo umntu ahamba ngayo?" watsho.

493 "Kodwa ebeyintoni ngaphambi kokuba aze apha?" watsho umshumayeli, yabona. Oko kwayifumana ikumkani; kwaze kwintsasa elandelayo, yona nendlu yayo babhaptizelwa eGameni likaYesu Kristu. Injalo lonto.

494 Emva koko intoni? Umntu wokuqala owakhe wafefwa okanye wabhaptizwa ngenye indlela egameni lika "Yise, Nyana, Moya oyiNgcwele," wayekwicawa yobuKatolika. Ufefo lokuqala olwakhe lwenzeka, lwalusecaweni iKatolika. Ufefo lokuqala olwakhe lwenzeka, lwalusecaweni iKatolika. Ibandla iProtestanti lalisoloko libhaptiza . . . eBhayibhileni, abapostile, ngokuntywiliselela eGameni likaYesu Kristu. Naphina. Nje ukufumanisa indawo enye apho kwakukho nanye into engenye, yabona.

495 Ngoku, koku, eli xesha likhulu, amaYuda awanakho . . . Ndabuza larabhi, ndathi, "Rabhi, ingaba kunganzima kuwe ukukholelwa abaprofeti?"

496 Wathi, "Ndiyabakholelwa abaprofeti."

497 Ndathi, "Ku Isaya 9:6, wayethetha ntoni, 'Sizalelwe uNyana'? Ngubani awayethetha ngaye?"

498 Wathi, "Wayethetha ngoMesiya."

499 Nadthi, "Ngoko ingaba uMesiya uyakuzalwa?"

500 "Ewe, Uyakuzalwa."

501 Ndathi, "Ngoko ukuba Ufanelwe azalwe, Une . . . Uyakuba nonina."

502 "Ewe, kufanele Yena abe nonina. Kwaye ufanele Yena abe noyise, kananjalo," watsho.

503 Ndathi, "Ngokuqinisekileyo. Kwaye ingaba iyakubanzima kuwe ukukholwa ukuba oko iyakuba . . . okokuba uThixo uYehova oMkhulu owavula uLwandle oluBombu, ebengenakho ukunikeza uzalo koluSana ngozalo olunyulu?" Yabona? Nankuya.

504 Wathi, "Kodwa akunakumenza Yena oothixo abathathu."

505 Ndathi, "Akangothixo abathathu." Ndathi, "Yintoni uzalano uMesiya ayakubalulo kuThixo?"

506 Wathi, "Uyakuba nguThixo."

507 Ndathi, "Ngoku uyifumene. Ngoku uyifumene, Yena nguThixo." Oko kuchanekile.

508 Emva koko wazama ukundixelela, wathi “Kulungile, le ndoda yayilisela, loYesu waseNazarete. Wayelisela.”

509 Ndathi, “Rabhi, Yayilisela njani?”

510 “Kulungile,” wathi, “izibhalo zenu zatsho ukuba ‘Yaya kwintsimi yombona ngomhla weSabatha, yaza yathabatha umbona.’”

511 Ndathi, “Ngoku, rabhi, wazi ngcono . . . ngaphezulu malunga neSibhalo kunokuya. ISibhalo senu sithi oko ngumthetho, ‘Kusemthethweni ukuba indoda iye ize itye umbona kangangokuba ifuna, kodwa sukuwufaka engxoweni uze uwukhuphe.’ Umthetho ongowenu, urabhi.”

512 Kwaye wema phaya ithutyana, wa—wa—wayikholelwa, kuba wa—wangqina. Wathi, emveni kwethuba, wathi, “Kuhle, yintoni—yintoni eyabangela amehlo kaJohn . . . ” “Uyenze njani?”

513 Ndathi, “EGamen likaYesu Kristu.”

514 “Uh.” Wa—wayengayazi; wathi, “Kuhle, akunakumnqunqa uThixo abe ngamaqhekeza amathathu.”

515 Ndathi, “WayenguYehova ebonakalisiwe enyameni, Rabhi. Wa . . . Oko koko Wayekuko, WayenguYehova esenyameni. Igama Lakhe lobuntu, elo yayiliGama lentlangulo, kuba akukho gama limbi linikiweyo phantsi kweZulu anokuthi umntu abe nokusindiswa ngalo, kuphela ngela Gama lentlangulo: iNkosi uYesu Kristu. Injalo lonto. WayenguThixo, UnguThixo, Uyakuhlala enguThixo, oko kunjalo ngqo, iNkosi uYesu Kristu.”

516 Ngoku, ndiyakholwa ukuba ibandla leNtlanga ngokukhawuleza liya . . . ukugqitywa komzimba webandla leNtlanga. Amasango phakathi . . . wathi uYesu, kumaMateyu 24, (Ndiyakuthabatha esiyaSibhalo sinye okwethutyana), Wathi, “Bayakunyathelela phantsi iindonga zeYerusalem lide ixesha leNtlanga liphele.”

517 Ngoku qaphelani. Yayinikezwe yiNkosi uYesu, kuMateyu 24, ukuba amaYuda ayakususwa emfanekisweni. Wathi uDaniyeli, emva ngaphaya kubaprofeti bakudala, watsho ukuthi kuyakubakho iiveki ezimashumi asixhenxe ezibekelweyo, kumaYuda. Kwaye uMesiya uyakuza (iNkosana) kwaye uyakuprofeta esiqingatheni seeveki zamashumi asixhenxe, ntoleyo yayiyiminyaka esixhenxe, Uyakunqunyulwa esiqingatheni. Jonga indlela eyayigqibelele ngayo, uYesu ngokuchanekileyo washumayela isithathu esinesiqingatha seminyaka waza wabethelelwa. Kodwa kukho isithathu . . . Oko kuza kanye kulo ungomnye umbuzo apha. Kukho isithathu esinesiqingatha seminyaka ebekelweyo kubo, kumaYuda. Ifanele ibe njalo.

518 Ngoku ukuba uyakuthabatha iSityhilelo, isahluko se-7, UYohane wabona ikhulu elinamanci amane anesine

lamaYuda onke etywiniwe, ezizwe ezilushumi elinambini zama Yuda. Yabona into endiyithethayo? Noko okugqithileyo okuzakwenzeka, okokuzayo.

519 Ngoku jonga indlela entle ngayo, phambi kokuba sivale ngoku. Qaphela indlela—indlela ehamba ngayo. Ngoku, loo maYuda ayemfanyekisiwe.

520 Ngoku, la maYuda apha, uninzi lawo apha, nje a . . . niyayazi indlela ayiyo, abambe ubutyebi behlabathi. Kwaye wona nje—nje abantu bemali, kwaye kuko konke onokukwenza ngayo, yabona; kwaye anekratshi kakhulu, kwaye akanamdla, kwaye akayi kuphulaphula. Kodwa, asingawo lawo Wayethetha malunga nawo, ukuba niyakuqwalasela.

521 Ngoku, iiNtlanga . . . Ngoku qaphelani, lamaYuda asaselelwe yiminyaka emithathu enesiqingatha. Ngoku, uYesu wathi isixeko saseYerusalem siyakunyathalelwa phantsi ziiNtlanga lide ixesha leNtlanga . . . (Ngoku, nina bantu abangakholelwayo kwizigaba zamaxesha, malunga naphi nokuya?) . . . De ixesha leNtlanga lipheliswe. Kwaye xana ixesha leNtlanga liphelisiwe (ixesha leeNtlanga liphelisiwe), ngoko isixeko siyakubuyiselwa kumaYuda. Kwaye uYesu waqhubeka watsho ukuba isizukulwana . . . Wathi, "Xana niphuma nize nibone umthi womkhiwana uvelisa izithupha zawo, kunye nayo yonke eminye imithi ivelisa izithupha," wathi, "niyayazi ukuba ihlobo likufuphi." Wathi, "Kananjalo xana nibona ezi zinto zisenzeka, yazini ukuba ixesha likufuphi, lisemnyango; kwaye inene ndithi kuni ukuba esi sizukulwana asiyi kudlula zide ezi zinto zizaliseke."

522 Ngoku, bayiqaphela kwesa sizukulwana, "Yilonto Awayethetha malunga nayo." Hayi konke konke!

523 Phulaphulani! Wathi, "Isizukulwana esabona umthi womkhiwana uvelisa izithupha zawo." Ngoku qaphelani, Wathi, "Umthi womkhiwana, kunye nayo yonke eminye imithi." Ngoku, ngamanye amazwi, "Kuyakubakho imvuselelo kazwelonke ngeloxesha." Ngoku qaphela esi siprofeto, indlela esisebenza ngayo kwaye sihlangana ngokugqibeleleyo. Ngoku qaphela. "Yonke eminye imithi ivelisa izithupha zayo, ivuseleleka." Umthi, xana uvelisa izithupha zawo, uyavuseleleka. Ingaba injalo? Ngoku, nabani uyayazi, umfundisi ongumprofeti, ukuba umthi womkhiwana wasoloko ungumYuda. Siyakwazi oko. NgumYuda. Ngoku i . . .

524 Kwaye khangela kuYoweli, xana wayithabathayo, wathi, "Okushiyiweyo ngumqikela, kudliwe ngumnqunquthi; okushiyiweyo ngumnqunquthi, kudliwe yinkumbi; kunye nokudliwe yinkumbi . . . " Ukuba niyaqwalasela, eso sisinambuzane esinye, izigaba ezihlukileyo: umqikela, umnqunquthi, inkumbi. Yonke sisinambuzane esinye, zizigaba nje ezihlukileyo zobomi baso. Ngoku qaphela, esasinambuzane

sinye siqalisa ukutya kulamthi wobuYuda emva phaya, sawugawula, kwaye saqalisa ukutya saza satya saza satya saza satya wada waba sisiphunzi; kodwa ngoko wathi, '"Ndiyakubuyisela,' itsho iNkosi, 'yonke iminyaka ethe umnqunquthi wayitya. Kwaye ndiyakubenza abantu baM bagcobe.'" Yabona? Ngoku, umthi ube udliwe. IiNtlanga zazihlonyelwe kuwo, yinyaniso leyo. Kulungile, masiveze isiqhamo.

525 Ngoku xana ixesha lesiphelo lifika, xana sisehlela ekupheleni (ukuba ndiyibona kakuhle), iVangeli yi: kufanele kubekho imvuselelo enkulu eyenzekayo.

526 Ngoku, ingaba benisazi ukuba iflegi yamaYuda yeyona flegi indala ehlabathini? Kwaye ibe ilele cwaka kangangeminyaka engamawaka amabini, ngaphezulu koko, malunga namakhulu angamashumi amabini anesihlanu eminyaka. Iflegi yamaYuda, lankwenkwezi ibutsolo buthandathu kaDavide, zange yabhabha okweminyaka emakhulu angamashumi amabini anesihlanu eminyaka; kusukela ekufudusweni kwe—kweBhabhiloni. Kwaye ngoku, ngokuba uBukumkani bamaRoma babathabatha (kwaye uMesiya uyeza kwaye bamala Yena), kwaye bachithachithwela kwimbombo zone zoomoya behlabathi. Kodwa ingaba benisazi, ngoMeyi umhla wesithandathu, 1946, laflegi yabuyela phezu kweYerusalem kwakhona? Ingaba benisazi, ngoMeyi wesixhenxe, 1946, iNgelosi yeNkosi yabonakala kum (ngomhla olandelayo) phezulu apha, yaza yandithumela kwihlabathi lonke ukuba ndizise imvuselelo? Kwangaloo ntsasa ilandeleyo! Xana la flegi yaphakanyiswa eYerusalem, njengoko ilanga litshona ngala mvakwemini, iNgelosi yeNkosi yabonakala apha e-United States kwangexesha elinye. "Xana nibona umthi womkhiwane kunye nayo yonke imithi ivelisa!"

527 Bangaphi abakhumbulayo iNkwenkwezi indandela ezantsi apha kuMlambo i-Ohio, iminyaka emininzi egqithileyo, xana Wathi...Nanku umfanekiso waYo apha nangoku, xana Wehlayo. Wathi, "UMyalezo wakho uyakuphuma njengomanduleli woKuza kwesibini, njengoYohane waphumayo njengomanduleli woKuza kokuqala." Kwaye, khangela, kwihlabathi lonke kwenze imvuselelo. Amashumi amawaka aphindwe ngamawaka namawaka, kunye nemvuselelo enkulu.

528 Bonke abangqongqo ngomthetho, kunye nabo bonke abahlukileyo jikelele esizweni, kunye namabandla amakhulu athi, "Imihla kaBilly Sunday igqithile." Kodwa xana babona ibandla liqalisa ukuvuseleleka (abantu abalula), kwafuneka bafihle ubuso babo. UCharles Fuller ngewayethabathe indawo, kodwa wayemdala kakhulu; ke bahamba noBilly Graham. Waza uThixo wathabatha uBilly Graham, okanye, ibandla leBhaptizi lenzayo, baza bonke bamgqonga. Kwaye uBilly Graham akasosiqingatha somshumayela asiso uMzalwana uNeville, ke kangangokuba engumshumayeli, hayi kwi...

hayi, nangayiphi indlela. Kodwa into eyiyo? Kwafuneka bayenze, kukumanyana, kwaye wonke umntu ukuyingqonga, ukuhlangana. UBilly utsho into ekwanye. Yabona, kwafuneka bayenze. Kwaye kwafuneka yenziwe ukuzalisekisa iLizwi likaThixo. Babengenawo uMoya wokumanyana, ke kwafuneka bathabathe iLizwi ukuze bamanyane; ke bayenza. Kwaye uBilly ngumshumayeli weLizwi, kunye netyendyana, kwaye bamanyana; ke oko kubeka bonke abalukhuni ababandayo kwintlangano yabo. Kwaye iSiqu esingaphezu kwendalo, kunye nempiliso eNgcwele, namandla nemisebenzi kunye nanjalo njalo, ngemimangaliso kaThixo, beka oku . . . iBandla, uMtshakazi oxhwiliweyo one Oli kwisibane Sakhe, ibeka Yena kwimvuselelo. Yabona? Kwaye ibandla elilukhuni elibandayo laba nemvuselelo yalo. Kwaye apha nguSirayeli ejika kunye nemvuselelo yabo.

529 Ndinefilimu phezulu phaya endlwini yam kanye ngoku, *Imizuzu Emithathu Ukuya Ezinzulwini Zobusuku*. Kwaye sinomfanekiso waloo maYuda engena. Engena; niyibonile kulindixesha i*Look*. Kwaye iinqanawa, zilayishiwe, zisuka kude ezantsi e-Iran kunye nasezantsi phaya; wona amaYuda akazange ayazi ukuba uYesu wayekhe wasemhlabeni, ehlela phaya ekufudusweni kweBhabheli. Kuko konke abakhe bakwazi. Alima . . . niyibonile kulindixesha i*Look* okanye i*Life* kunye nazo, apho alimayo ngezixhobo ezidala zomthi. Kwaye xana abona ezonqwelo moya zisiza, acinga, "Yiyo le," kuba uThixo wawaxelela '"ayakuba sezantsi phaya, kwaye ayakuthwalelwa emva eYerusalem kwiimpiko zamakhozi.'" Injalo lonto. Nango aphaya. Kwaye amaYuda athi, "Yiyo le." Angena kanye ngaphakathi, kwaye sinayo imifanekiso yayo ngamazwi angawawo, kwaye endliwa iindlebe; esuka kwihlabathi lonke. Amanye awo ebeleke ababo abadala kwimiqolo yabo, kunye neemfama nabakhubazekileyo. Kwaye besehlika ezinqanaweni besuku kuzo zonke iindawo ezahlukeneyo zehlabathi, bengena.

530 Kwaye aqalisa ukuchola amatye ngeengxowa, emhlabeni; kwaye namhlanje afumene imithombo yamanzi, ntoleyo ilelona, ililizwe elilelona likhulu lolimo ehlabathini. ULwandle Olufileyo linobungaphezulu ubutyebi kunalo lonke ihlabathi lidityanisiwe kunye. AmaYuda ayabuyela emva; ibe ifihliwe kwiiNtlanga, kodwa ayadubula okomfiyo.

531 Bathi kuwo—kuwo amaYuda, bathi, "Ingaba nibuyela emva ukuza kufela ekhaya."

532 Athi, "Sibuyela emva ukuza kubona uMesiya. Uphi Yena? Ufanele abe lapha."

533 Mzalwana, xana ubona umthi womkhiwana uvelisa izithupha zawo, Wathi, "Esi sizukulwana asiyi kugqitha zide zonke zizaliseke." Jonga kwimvuselelo nobulukhuni. Jonga kwimvuselelo neBandla. Jonga kwimvuselelo isiza namaYuda,

akhangela ukuza kukaMesiya. IBandla, iBandla elizaliswe nguMoya, uMtshakazi kunye ne . . . iintombi ezizingqondi kunye ne oli ezibaneni zazo ziyakuya kwiSidlo soMtshato.

534 AmaYuda ayakuthi, "Oko kokuya. Nankuya uThixo wethu ebesimlindile." Phaya kulapho amakhulu anamanci amane anesine amawaka . . . ababalandeli bakaRussel baphixaniseke kuyo. Nango loo maYuda amileyo phaya ayakumamnkela Yena. Athi, "Nankuya uThixo wethu ebesimlindile." Ayakumbona Yena, athi, "Uwafumene phi wona? Uwafumene phi wona lo manxeba esandleni Sakho?"

535 Wathi, "Ndiwafumene endlwini yezihlobo zaM." Injalo lonto, "Indlu yezihlobo zaM."

536 Yintoni Yena ayakuyenza? IBandla leNtlanga liyakuthatyathelwa eLuzukweni kwaye uMtshakazi uyakutshatiselwa kuKristu.

537 Wazazisa kanjani uYosefu kubantu bakokwabo? Wagxotha yonke iNtlanga ebukhoneni bakhe. Wayenza ngenene. Yintoni eyakwenzeka kwintsalela yembewu yomfazi? Irhamncwa latsica amanzi emlonyeni walo ukwenza imfazwe; uYesu wathi, "bayakulahlelwa ngaphandle ebumnyameni, kwaye kuyakubakho ukulila nesijwili nokutshixiza kwamazinyo," iiyure ezinkulu zeentshutshiso nezilingo ziyakuza kwibandla leNtlanga.

538 Yintoni eyakwenzeka ngelo lixa? Xana ukubulawelwa ukholo kusiza, xana uThixo athe wahlula yonke into kuwo amaYuda ngaphaya, uYesu uyakubuya njengoko wenzayo uYosefu. Xana bamvayo uYosefu, xana wabagxotha bonke abalindi bakhe kunye nento yonke engenye, kwaye wabona uBenjamin omncinci kunye nabo bemile phaya, kunye nabo beguquka ngenxa yokubulala uYosefu. Bacinga babembulele uYosefu, kwaye nanku emile phambi kwabo. Wathi, "NdinguYosefu. Ndingumntwakwenu."

539 Emva koko bangcangcazela ngenene, "NguYosefu. Ngoku siyamazi yena."

540 Xana Eyakuthi, "NdinguYesu. NdinguMesiya."

541 Bayakuthi "Owu, bethu, ngoku yintoni esiyakuyamnkela!"

542 Konke kwakwenzelwe uzuko lukaThixo. Ayisayi kuba yeYakhe . . . Ke, babenakho ukuva isililo sakhe sisitsho ngaphaya ebhotwe likaFaro, uYosefu elilela bona.

543 Linda de uYesu abone loo maYuda awathi Wafuneka awamfamekise ukuvumela thina ziNtlanga sibe nethuba lokungena, leyo iyakuba yiyure, ndiyanixelela. Uyakuthabatha loo maYuda, ungaze ube nexhala, wona amaYuda ayakusindiswa. Ewe, mhlekazi, afanele abe phaya. Kwaye olo luluvo lwam ngayo, andinakho ukuyibona nakweyiphi

engenye indawo eSibhalweni. Ufanele ugcine eso sithathu kunye, kwakhona.

544 Ufanele ugcine i—intombi eleleyo, i—ibandla elileleyo nje eliqhelekileyo, ukuhlambulula, yabona. Kufuneka ufumane ibandla . . . Leyo yi, amaYuda kuqala, amaYuda kuqala, ntoleyo leyo nje angumntu omfanyekisiweyo elinde ecaleni. Kufuneka ufumane inyathelo elilandelayo, ntoleyo iyintombi eleleyo, eyayizilazila, kwaye nje yaphuma yaza yaya ebandleni, yaza yajoyina ibandla, kwaye umfo omhlana. Ngoko kufanele ufike eBandleni, ngokomoya, uXhwilo, uMtshakazi, nankuya emile. Abo bantu bathathu, akunakho . . . abaphixanisekanga, nakancinci. Abasiyonto inye. Hayi aMangqina kaYehova esithi, “kukho amakhulu anamanci amane anesine amawaka nguMtshakazi”; akulunganga oko. Lawo ngamaYuda, yabona. Kukho uMtshakazi, amaYuda, kunye nentombi eleleyo. Kwaye uyabafumana bonke, uze uthi, “Ke, bangabo bonke kwiindawo ezahlukeneyo.” Bangabo bonke, iindidi ezahlukileyo ezintathu zabantu. Ngokuqinisekileyo, abangekhe.

545 Ngoko xana uYesu ebuyela emhlabeni . . . AmaYuda, ayintoni? Amathenwa etempile. Kwaye xana uYesu ebuya, Uza *kunye* noMtshakazi. UYesu uza amatyeli amathathu: Uza kwityeli lokuqala ukuza *kuhlangula* iBandla Lakhe, Uyeza ityeli lesibini ukuza *kwamnkela* iBandla Lakhe, Uza ityeli lesithathu *kunye* neBandla Lakhe. Yabona? Ngokuchanekileyo. Ke konke kukuza okunye okugqibeleleyo, konke nguThixo omnye ogqibeleleyo; konke nguKristu omnye ogqibeleleyo; iBandla elinye eligqibeleleyo, intlangulo enye egqibeleleyo, . . . yonke into; iza iyitriniti, kodwa yonke ikubuNye. Yabona? Asingobantu abathathu, hayi isithathu *oku*; nguMntu nje omnye, iBandla elinye, uMzimba omnye, uKristu omye, iNkosi enye “kuni nonke, kwaye ngani nonke,” kunye nanjalo njalo ngokufana nokuya. Konke okunye!

546 INkosi inisikelele. Ndinigcina ixesha elidana.

547 INkosi ithandile, ngoku, ukuba kuyenzeka ndize kwakhona kubusuku obumbalwa, okanye ebusuku ngeCawa okanye into ethile efana noko, ukuba umalusi apha akananto ithile entliziyweni yakhe, ndiyakuzama ukuphendula lena apha. Owu, kukho emihle apha. Bangaphi abangathanda ukuyiva? Owu, ndiyayithanda nje. Mandidlule kuyo kwakhona, kanye ngokukhawuleza ngenene, phambi kokuba sinikeze inkonzo kumalusi.

548 Phulaphulani nje koku:

> **Kuphi apho amatye amel- . . . ? Yintoni amele yona amatye kwiSityhilelo, 21?** Lowo ngolungileyo.
>
> **Cacisa izilo ezine kwiSityhilelo 5.** Nanko omnye omhle.
>
> **Ngobani amadoda amakhulu angamashumi amabini anesine?** Nanko omnye olungileyo.

**Yintoni umtya obomvu owawumele wona kwiGenesis 38?** Niyakhumbula, wahamba waya kuthabatha umolokazana wakhe waza wahlala naye njengehenyukazi; waza wenza ixabisa waza wavela; kwaze emva koko xana umntwana evela, babeka umtya obomvu esandleni sakhe (watyhalela ngaphandle waze emva koko wabuyela ngaphakathi), o—omnye weza emveni kwakhe. Owu, lowo ngolungileyo; injalo ngokuqinisekileyo.

**Yintoni izipho ekufanele zithunyelwe ngokubhekiselele ekufeni kwamangqina, kwiSityhilelo 11?** Kuxa uMoses no Eliya bebuyela emva ukwenzela imvuselelo kula makhulu anamanci amane anesine amawaka. **Yintoni izipho?** Qaphela into abayiyo, oko kuhle.

**Bayakubaphi abangcwele emveni kwewaka leminyaka'. . .** (nanko olungileyo, nkwenkwe. Iya . . .)**. . . yolawulo? Loluphi uhlobo lomzimba abayakuba nawo?**

**Siyakuzigweba njani iingelosi?**

**Kutheni iinwele zisiba nentokwenza neengelosi kwabaseKorinte bokuQala? KwiNcwadi yabaseKorinte bokuQala.** Eminye elungileyo, elunge kakhulu.

549 INkosi inisikelele. Ndiyathemba iNkosi isivumele ukuba sihlangane kwaye sixoxe ezi zinto, yonke yeyozuko Lwakhe. Singangavumelani phezu kwezimvo zazo; kodwa ndiyakutsho into ibenye, ukuba niyalufumana olungako uvuyo ukuyiva njengoko ndisenza ukuthetha malunga nayo, sinexesha elimnandi. Amen. Amen.

550 Kulungile, iNkosi mayibe yelunge kakhulu kuni ngoku. Musani ukulibala iinkonzo. Usasazo lukamzalwana uNeville, ngoku, oko kukwiWLRP, ngoMgqibelo kusasa ngentsimbi yesithoba; isine sabaculi bakwaNeville, kwaye ndiqinisekile bayakunenzela lungileyo, jija uze uphulaphule kubo. Kwaye ukuba ndinganakho, ukuba ndibuye kwangexesha, okanye ndibone ndizakubuya, ndizakutsalela umfazi wam; ukuba iNkosi iyandivumela ukuba ndiyekubona othandekayo omdala uMzalwana uBosworth. Ndi . . . Nina nonke . . . kwaye ndiyakubuya ebusuku ngeCawa.

551 INkosi ilunge kuni ngoku. Kwaye mzalwana, malusi, makeze apha nje umzuzu; aze athabathe inkonzo. Kwaye:

Ningalibali umthandazo wosapho,
UYesu ufuna ukuhlangana nawe phaya;
Uyakuthabatha lonke ixhala lakho
Owu, musa ukulibala umthandazo wosapho.

552 Niyakuthanda okuya? Bangaphi abathandazayo emakhayeni enu? Masibone, bonke a . . . bonke . . . Kulungile oko, hlalani kufuphi kuThixo. Yibani ngabalungileyo, bantwanana abancinci, uThixo uyakunisekelela.

## Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.


Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:


VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org